# Ibali laba Tembu.


NGU

*W. D. Cingo,*

PRINCIPAL PRACTISING SCHOOL, EMFUNDISWENI.

Umbali we

**Bali lama Mpondo.**



Ukutshila kwaba Kweta.

## ISINIKEZELO.

Lencwadi inikezelwa ngentobeko
ku

# *W. G. Bennie, B.A., Esq.,*

U-Mongameli ba-Hloli kwi Mfundo yaba Ntsundu,
Umhloli omdala wemfundo kuba Tembu,
Umtandi wohlanga oluntsundu,
Ilulama, i-Nene, um-Kristu.

Sisicaka sakė esimncoma futi,

UMBHALI WALENCWADI.

## A! VUL'INGQONDO!!

Ingqang' enzwana itòle lika Bène!
Elaqatshulwa lafutwà ngomtàndazo,
Umhlol' omdala wezikolo zika Tato,
Owavutùlul' isizwe sika Nxeko.
Ba-Tembù nibona njanina nina?
Nal' iṙamncw' eliginy' inyongo yengwenya,
Nants' intw' esibind' esinjengese Bùbesi,
Ukuvum' ukubelek' umz' ontsundu.
Ukunyamezel' imbùmbùlu zentshaba zetu,
Unyuk' eqòlosa nemfundo ka Nṭsundu,
Umacùl' ukunyatela kufaneleke,
Umatèt' acikoze kupulapuleke
Umfo 'nomkita ngokuzola kwakè,
Kàucatùle mtan' elunga siyabuka,
Kaubèxeshe qanda lenciniba siyancoma.
I—i—ya! Umnt' ubulelw' efile mtaka Bène!

— Umbhali.

**Senator Col. Sir Walter E. M. Stanford, K.C.M.G.**

On the Author's Xosa Publication,
"THE HISTORY OF THE PONDOS,"
writes:

I have read Mr. W. D. Cingo's book, "IBALI LAMA MPONDO," with much interest and pleasure. In putting on record the traditions and customs of the Pondo and other Bantu tribes in the Transkeian Territories, Mr. Cingo is doing valuable work for his own people and European students as well. The old Councillors who lived and served under the great chiefs of tribes in the days of their independence are now few in number and, under the fast changing conditions of the Bantu, their order is vanishing. Among them were usually found the tribal historians, who handed down from generation to generation the great actions and stories of the past. It is well that an effort to secure, before it is too late, these precious memories, should have been made by a Native, and I wish Mr. Cingo a full measure of success in his self imposed task.

(Sgd.) W. E. STANFORD.

Lindani,
Stellenbosch,
September 9th, 1925.

# *Vityo!! Maim'indlu.*

Toban' izibilini mabandla ka Nxeko, ka Tato ka Dlomo. Hai akukȯ nto imbi ndiza nayo.

Nditė nje okuya bendiqokelela inkomo zakowetu, kwa Nyauza ndabona inkomo zika Tembu ngati zitėsa, ndaqonda ukuti hleze zidibane namasela okanye ziduke, ze bati abaninizo bezifuna zibe zingasenamkȯndo. Lisiko lenkwenkwe kakade ukwenza lonto ndiyenzileyo. Andazi ke nokuba zipėlele na, zoqondwa nini baninizo.

Ekuziqokeleleni kwam ndilityutyė kakulu ihlati lencwadi zengqondi enkulu yamabali u-Dr. Theal, ndatsho ndacokisa nakwiligxa le Historical Records ne Blue Books ezise lugcinweni e-Kapa. Ndigqobė ndayakutshȯ kwintlambȯ zika Bryce namatȧfa o-Marie Hartill:

Nditė xa ndibile ndimdaka, ndadibana no Kėpe into ka Godlwana ema-Cataleni inkulelane, nepȧkati elidala lakwa Holomisa ema-Hegebeni, indoda ebubė ilihlanganisile ikulu, yaye ingqondo yona ipile ngqe. Ufike wandipȧ amava amehlo nendlebe zake, watsho ndancam' umxėlo.

Nditė apo nditi kefu kȯna, kwafika umfo ondibuze imvelapi nezinkomo zakwa Nyauza kwa-Ngqungqushe ndamxelela; wabuza ngezi zika Tembu ndamlandisa, kanti nditėtȧ nomalusi omdala wazo, suka ngoku wanditi ngqeshe ngendlela, wati manditshone apa napaya ndinqande ezitile nezitile, ezazivela ekutini. Wati azikabikȯ ezinetile netile. Yatsho lenkosi ndayitȧnda. Elitshawe ngu Mr. J. M. Nyanda wase Lady Frere—elesibuliso kwi "Mvo" ngu "Ngxangxosi,"—itoliki endala ye-Mantyi Engcobo, i-Bėle lakwa Nkom'inala. Ngapandle koncedo lwakė lencwadi ibingasayi kuba nala manqatȧ inawo

Andinakumlibala u-Rev. J. S. Mlonzi otė ngexesha ebese Xȯra wandipȧkulela indyebo yamabali kwinkonde zalomimandla, nezimelwane; ngokunjalo no Mr. Prussian

Langeni, inkulelane yelo; no Mr. Agrippa Sangoni no Headman Mr. S. Mkumla. Izidwangube ezingo Nkosi Nkulu u-Mtan'omhle Jongilizwe Mtiřařa, no Jongintaba Mtiřařa, zitsho ndoma umlomo ngentlangabezo yazo ngobubele obuvuzayo ukwenza zonke indlela endizicelileyo kubo zokundikŭtăza.

Au! Kwinto ka Bennie, Umhloli Omkŭlu kwisebe Lemfundo Yabantsundu nditi "Enetŏle ngomso" ngokunyamekela ukufunda i-M.S.S. ahlabe amadlala abeyakujalisa lencwadi. Ndibulelela umzi jikelele ngokunikezelwa kwawo umfanekiso woyise kwa uyise 'mkŭlu wentsapo ezintsundu zemfundo.

Akubanga ngumzamo omncinane ukuwufumana lomfanekiso, kuba kutĕ kanti um-Xŏs' akuti lo (W.G.B.) asinto afeketĕla kuyo ukutătyatwă umfanekiso.

Kwaba yimbĕko egqitisileyo eyenzelwe lencwadi ukutătyatĕlwa umfanekiso NGO NGAKA.

Andinakululibala uncedo endilufumene kowakwam, ngapăndle kwalo—kwazi mna,—ngeyingekŏ lencwadi.

Mandipĕze ngeliti ndilusizi ukungabinakŏ ukufumana imifanekiso yamatshawe atile anjengomfi Enoch Mambă, no Canon Waters nabanye: akutyala lam noko ndizamile.

Andingemangaliseki nto zakowetŭ ukuba lencwadi ibe izele zizipŏso, namanxel' omlomo. "Akukŏ nzwana ingenasipăkŏ." Ozibonileyo angoyiki ukundingqala, zizokulungiselwa esizayo isizukulwana. Ndoyibala njengembĕko lonto.

Nazo ke inkomo zenu ba-Tĕmbŭ. Hambani păkati kwazo, nikăngele ukuba zipĕlele zipilile kusinina.

Ngombuliso,

Ndingowenu inene,

W. D. CINGO

Emfundisweni,
January, 1927.

# *Intshayelelo.*

Iminyaka emininzi ingekazalwa i-Nkosi yetù u-YESU, isizwe sika Ntu sacanda e-Jipète sivela e-Asiya, sahamba sayakutsho e-Topiya, nako sihlisa unxweme lwe Africa e-Mpumalanga. Emva kwewaka elinamakùlu amahlanu selezelwe u-KRISTU olosapò lwaselupèzu kwe Zambèsi emantla nelama-Putukezi. Lundulukile apò lwaza kutsho e-Swazini—dzu—u—lwada lwaza kugaleleka kwa Zulu elu-Tùkela. Kulapo zaqabalakelana kòna izizwe zonke ezintsundu o-Besutù, ma-Mpondo, ba-Tèmbù, ma-Bàca, ma-Xesibe, ma-Xòsa njalo njalo.

---

## Imvelapi.

Eligama lika Tèmbù laqala ukuvakala emabalini abàliweyo ngabelungu abaqèkekelwa zinqanawa elunxwemeni lomhlaba wakwa Zulu, ema-Mpondweni nakwezinye indawo, baza bahamba ngenyawo ukusinga e-Kapa. Abanye babevela kumazwe endyebo, e-Java kufupi nelase Indiya ko 1686 no 1688.

Ababelungu babalisa bayipùhlisa cace into yokuba, pàkati ko Mtàtà no Mbàshe baqubisana nohlanga lwabantu abanebala elintsundu bukanya, pofù bekò bona nabamnyama kàca, abantu abazitòmo zimbàmbàsholo, abamisipà iyingwanzilili benezipika ezondlekileyo, nezihlità eziveneyo, bencoma isisa nobuntu babo, abantu abanomkita, abawunyatèla umhlaba ngesidima xa bezihambela, oti wakuya emakàyeni abo ufike apò kukò umtètò nembeko, ngokukodwa intlonelo emntwini omdala nowasemzini, benelisù ekwenziweni kwezinto zonke, ekusebenzeni nasekuncokoleni, ekutèteni amatyala, nasezimfazweni, ekuncwàbeni nasekwendiselaneni, ekulauleni ikàya nesizwe, ekuzingeleni nasezisuseni. Yonke into yayinomtètò nesiko lokwenziwa kwayo. Isizwe sasilaulwa yikùmkani, nenkosi, izidùna, namapàkati. Olulaulo belude luyokugqibela ngosana olusebeleni—izindidi ngendidi, elowo emazi emhlonele osentla kwakè ngobukùlu.

Atsho ke lama-Ngesi xa ebalisa ezincwadini zawo. Aqokela ngeliti ababantu babezibiza ngokuti bangaba "Tėmbŭ."

Ukȧkȧlala lombalisi u-Dr. Geo. McCall-Theal esiti:—"The Tembus and Xosas in 1623 had spread over an extensive area west of the Umzimvubu. The Tembus have a tradition that the Xosas were once behind them but in early times passed to the front."

Lentėtȯ ibuye ityetyiswe leliyaqela labelungu ababezingela indlovu namanye amařamnco. Besuka e-Kapa ngo 1736 bada baya kuma ngo Mtȧtȧ. Kute ngo 1752 nyakana u-Simon van der Stel watėtȧ ubuso nobuso no Gcaleka kwelakwa Ngqika, kwafika elinye ibandla lentlola (Beutler's Expedition) lifuna ukuqonda ukuma, nokumiwa komhlaba ukutyeba nokumbȧtsha, inyamakazi, imilambȯ namahlati, intlanga ezikȯyo nentlalo yazo. Nalo eliqela labuya libalisa ngababa Tėmbŭ kwanjengokohlobo lweziya ndwayinge zazapŭkelwe yinqanawa.

Indawo etė yandisitėla mpela lelona xesha kanye abafika ngalo aba-Tėmbŭ kulomhlaba bakuwo ngoku. Kucaca mhlope ukuba babonana nomatiloshe aba seku yiminyaka emininzi belapȯ. Akwaba bekungȧvela ingcutshe zilandise zixelele umzi ukuba ngelo-xesha inkosi yaba-Tėmbŭ yayingubanina epina wona amancwȧba enkosi zokuqala nezilandelayo, kananjalo aba-Tėmbŭ banduluka ngawupina umnyaka elu-Tŭkela, kwelo kȯkȯ betŭ—ngapina kwengcitȧkalo—kon'apo ke mabandla ka Bȯmoyi. Kanipȧnde lowo mgca nize nawo enkundleni.

---

## Enye Indima.

Ize ke matshawe xa nipȧnda lendawo niqwalasele into yokuba ngo 1864 e-Mgungundlovu e-Natala u-Somtseu (Sir Theophilus Shepstone) u-Somicimbi yabantsundu kwelo, wamema inkatȧvu zamaxėgo akwa- Zulu, izinto ezibucȯpo buhluzekileyo. Wapȧnda kuwo imvelapi yezizwe. Onke lamaxėgo abalisa ngentetȯ ecikidekileyo. Aye

etėtȧ ngezinto awazibona ngawawo amehlo nawayeziva ngezawo indlebe aye engafuniseli. Aqŭba ke ati:—

'U-Senzangakȯna uyise ka Tshaka e-Mfolozi kwa Zulu wayemelene no Guza inkosi yaba Tėmbŭ no Matiwane inkosi yama Ngwane, no Madikane inkosi yama Bȧca. Kute kunjalo ngo 1810 (ngabula Somtseu) u-Tshaka watȧbatȧ ubukȯsi bakwa Zulu akuba efile uyise, baye aba-Tėmbŭ sebemi pȧkati ko-Mzinyati no Tŭkela, ekutė ngo 1814 (ngokuka Somtseu) ngenxa yentlala kubi zimfazwe, banduluka aba-Tėmbŭ, nama Bȧca, nama Cŭnu ayakutsho e-Dedesi ngase mtȯnjeni we-Gqili (Orange River) e-Lusutu.

Siva ukuba inkosi ezazilapo e-Dedesi yayingu Togu womgca wama Gcaleka, no Hala womgca waba Tėmbŭ. Lenkosi yaba Tėmbŭ nebandla layo yanduluka yahlisa u-Mzimvubu yada yayakuqina e-Bėncuti, apo kwaba likomkŭlu lama Hala—aba-Tėmbŭ.'

Ndiyema ke apo nalowo mkȯndo ndiyekele kwa ingcutshe zokubalisa ukuba zitinina zona ukuqakamshela eliya nqina lokuqala lixelwe zindwayinge ezatshonelwa zinqanawa, kunye neli lika Somtsėu namaxėgo akė. Kuyanqweneleka ukwazi namancwȧba o-Tato no Dlomo namanye.

Kulencwadi ndidwelise izintlu zemigca yokuzalana kwe nkosi namabandla azo. Lube lukŭlu ucoselelo endilwenzileyo ukutėlekisa ingxelo yamacŭle ngamacŭle antsundu kwa kunye neka Dr. Theal 1691-1795, ndapŭlapŭla nokuxoxwa yincwadi ka Col. Maclean—i-Compedium of Kafir Law and Customs—nencȧzelo ka Rev. H. H. Dugmore ndiyivile. Kungoko ke oluludwe lwenkosi lungefumane lupikiswe, luguqulwe, de kube kuvele inyaniso ekucacileyo ukuba ziyazinyatėla ezi. Koluludwe kufike kubaluleke ukuba kwinto zone zika Njanye umzukulwana ka Zwide—kupuma aba-TEMBU kuqala kulandele ama-MPONDOMISE, kuze ama-MPONDO ngobuwele, kwandule ukuvela ama-XOSA—kangela izintlu zemigca yobukȯsi.

Ingxaki yona endingekadibani nangcutshe yayo yeyokwalamana kuka Zwide, no Zulu, no Ntu.

# *Aba-Tembu Bamandulo.*

## Isimo Nentlalo Yabo,

Aba-Tėmbů singababiza ngokuba sisizwe samanenene namanenekazi ngemvelo. Nanamhla um-Tėmbů orwada ogcine isimo nentlalo yokȯkȯ wofika enobuhomba bomzimba nezivatȯ, elitiyile ivumba esiqwini sakė nobuxelegu emzini wakė. Wofika impahla yendlu yakė—nditsho necepe eli—ihleli kakuhle endaweni yayo efanelekileyo, itiyekile inkunkuma, nokutya kupėtwė ngokucoceka, nako kuzakutyiwa ngobuncȧtu kungekȯ butyůtůtyůtů.

Ukuba butyalwa bopȧtwȧ ngumntu omzimba upȯtůlekileyo opȯlileyo ongenabuyakayaka banto. Isitya wosibeka ngembeko nentobeko kulowo uyinkosi okanye umnini mzi, agqibe aguqe ngamadolo alindele omnye umyalelo. Umhlekazi woti akugqiba awakė amatamo asigqitise kulowo umlandelayo ngewonga. Egqibile lowo makasibuyisele kwa kumhlekazi, ngapandle kokuba uyalele ukuba asigqitisele kwabanye.

Ukuba yinyama evutiweyo yobekwa pambi komhlekazi, anike umyalelo wokuba kwabelwe abakȯyo. Eyabafazi yoba semagunyeni enkosikazi. Eyona njongo ipambili kukuba bonke benele.

USAPO.—Wofika usapȯ luzipėtė ngokuzola, lutȯbele abantu abakůlu nabasemzini. Umfana ozipetė ngokusa emntwini omkůlu wongxoliswa ashwatyulelwe nguye wonke umntu. Ibilihlazo konyana ukuti uyise apatė umsebenzi onzima bekȯ: ngokunjalo komolokazana nentombi xa ziyekele unina ngomsebenzi.

Ukugcinwa komtėtȯ kwakunamandla ngangokuba umfazi wesitėmbů wayesoyisa qatů qeke isilingo sobukwėle, abafazi bebukana njengomntu nomtakwabo. Izisusa zazi-

qùtywa zipėle ngesidima; ingeko into yokunxila kwamakwenkwe, kuba ayengabuseli utyalwa.

Kwakungekȯ hlazo laligqitȧ elokugxotȧ indwendwe nokuvimbȧ owasemzini ukutya. Umzi owenze lonto ubuxelwa komkůlu udliwe. Ngalinye imfuyo yom-Tėmbů kunye nomzi wakė, nosapȯ lwakė, naye, yonke lonto yayibalelwa ukuba yimpahla yesizwe. Umninimzi yena eligosa eligcinele isizwe konke oku. Kwakufanele oku kuba nantonina embi evelele usapo lwakė, inkomo yakė nantonina yakė imfanelo yakė yayikukuhlaba umkosi kupůtůme isizwe silwe olotshaba, kufe amadoda—kanti ke emlungwini "kukwagcin' okwakė" ukuze afel' okwakė—(Individualism).

Bekude kuti kwakuvela ingxabano emzini itėtwė ngamakaya okanye imilowo ide iye esizweni xa kukȯ onenkani. Yati lento yenza ukuba uhlanga lube luqilimba ukubukana nokutȧndana.

Kanjalo aba-Tėmbů asibantu babetȧnda ukuxȯkonxa imfazwe nezinye izizwe, ndingasatėti kona ukuba balwe bodwa. Hai!

Nto yayibahlalise kakubi ngamagqwira nabatȧkati, into leyo eyayilivuso elikůlu kumzi wonkė ontsundu. Yada yagqibelela ububi bayo kuba wayengaziwa u-Tixo, engaziwa no Satȧna. Kupela nje babebona izitunzi zabo. Suke bati u-Tixo ngama-Tongo—inkosi nabadala abaůbȧyo, abamipefumlo ihlala emaweni imana ukuba zinyoka okanye ibe yimipefumlo ehambȧhambȧyo ilungisa okonakalayo, izipindezela kwabayixakanisayo. Yayimana icengwa ixoliswa ngamadini enkomo, kubizwe isanuse (Umpresite) sokutȧndazela aboni. Kulunge kungalungi.

U-Satȧna ngokungamazi babembiza ngamagama-gama, bemana besiti ngu Tikȯloshe okanye Licȧnti okanye yi-Mfene, ne Mpundůlu nemi Kȯvu njalo njalo, namanye amangetėlele axela umntu omoya uncȯlileyo osimo siguquguqukayo.

Kutė kwakufika i-Lizwi lika Tixo aqala avuleka amehlo:

Sine Lizwi lika Tixo
Sinobomi ngalo,
Siyazaz' izono zetù
Nomsindisi ngalo.

Usizi apo selukona kukubona abantu basebu Kristwini, abati bakululekile kuma kamandela obumnyama, babe unyawo olunye besalutshonise kwi NKOLELO zobu HEDENI. U-Tixo makavikùlule i-Afrika kule DEMONI!!

Namhla kunzima kwezinye indawo. Ukufa komntu sisigulo nje kucingelwa ukuba yintsebenzo yomtàkati. Wofika kuzanywa ngendlelana ezitile ukuba malibeko izwana eliti UBULEWE ngu BANI.

Umtètò wesi BINI kumitètò eli SHUMI ulityelwe okanye utolikwa ngobulumko oboti bukòlise ezinkolelo.

Eyona nto imbi kukuba abakonzi bezinkolelo batya ubomi obunzima. Ngabula mculi

"Umoni uyabaleka namhla kungeko
nto imsukelayo."

Ngamantombazana ayakàla ngokukànywa zizitixo azibèdeshayo. Zincakuba zihleli emizimbeni yamadoda, kuba kuvakele ivuso lomtàkati, ngamaqwili akasuki emibinqweni yabafazi ngokoyika isongo lika Nonantsi. Izanuse ziyaqiqizela ebusuku emizini yabantu abebecula enkonzweni emini besiti:

SIYAKUDUMISA TIXO,
SIYAKUVUMA UKUBA UNGU YEHOVA.

Ngati bendibeva emini bevuma kanjalo besiti:

Ukutèmbà u-Yehova
Nokuyama Ngaye
Kuko okulungileyo
Kungatènjwa bantu.

Hai bo! anditàndabuzi ndibevile bevuma besiti:

Int' engumntu ingenza
ntonina kum.

Sisuke sipaule abo bazimanye no Tixo ngenene besekupumleni kwenene; nase mikuhlaneni yabo—kumnandi ukuya:

Abangcwele banoyolo
Xeshikweni babùbàyo,
Intliziyo zinoxolo
Abananto itùsayo.

Akuqiqizelwa kufunwa into engekòyo.

Mandiqukumbèle ngokuti uluhle lwaba Tèmbù lubonakalise inkokelo entle esizweni.

U-Nkosi Dalindyebo wangena ekupùmleni kwapàkade esebutòngweni (He slept into death). Akalandelwa ziziyunguma zabuhedeni.

U-Nkosi Silimela wangena ekupùmleni e-Hospital—Umtata—akwenziwa masiko abuhedeni Ngabantu abayintonina ke abanokubuyisela uhlanga kumaxesha obunyama?

Ingqobòko, Imfundo, Ubuhlobo buka Rulumeni nenkosi zaba Tèmbù, zonke ezizinto ziqùbela pàmbili.

Sitsho sonke siti:

PAMBILI BATEMBU!

## UMHLABA WABA TEMBU.

Umhlaba owona wawungowaba Tèmbù (ama-Dlomo ama-Tshatshu, nama-Ndungwana), wawungulowo ushwankatèla ionke elipakati kò Mbàshe ne Xonxa uquke wonke lommandla namhla kutiwa yi Komani, noma Hewu ukuya kuma nge Kamastone, wemka njalo ukukweza umlambo u Nwele (Klipplaats River) ne Nkwahlamba (Stormberg Mountains) ukuza kupösa emlanjeni i Nciba epezulu (Zwaart Kei River), waye umi nge Gqili kucala elingentla kwane Tyumbu (Kraai River) waye kucala elingezantsi ubufika ume ngomda womhlaba wama Rarabe. Lemihlaba namhlanje uyi Aivani (Aliwal North) oma Bèkesdolopu (Burghersdorp) u-Nozidwaba (Sterkstroom), i-Tyumbu ne Tyunjana (Little Kraai River), Umhlanga (Dordrecht.)

Ibali laba Tèmbù liyingxakangxaka efana nalengca kutiwa nguqaqaqa, yona uti wakuyicukumisa isuke ishukume yonke. Lento ngati ibangelwa kuqala kukuba zininzi inkosana ezigqumayo kweyazo imingxuma noxa ikona yona eyokòzo luka Têmbù qatù qeke, kanjalo ezinkosana zinemihlaba yazo apa kwelaba-Tëmbù, ati ke lamabandla abe nebali lawo elilodwa elinxïbelele kwisizwe saba-Témbù no Rùlumeni, mhlaumbi aba-Fundisi, okanye kuma Gcaleka nezinye izizwe ezingapandle.

## U-TSHAKA.

Kumabali ezizwe ezintsundu akukò apo kungekò lwamvila luka Tshaka. Amandla akè ayepezu kokàlipo nokomelela nengqeqesho yamabandla awayepàntsi kwakè. Lamabandla wayewakùpa ukuba atshabalalise atimbe izizwana ezazingavumi ukutòbela umtètò wakè Ibandla

lakė alifunzileyo lalingenakubuyela kuye loyisiwe kuba wayenokulibūbisa lonke. Umfo lo wayesisibȯvubȯvu, isiṙalaṙume. Ngokuzincama ke ngoko ibandla laliye lifunze lijonge ukubulawa kwalo lutshaba kungenjalo loyise. Yayinjalo intlalo yase Lutūkela eyada yalityūtyȧ lonke ukuya kuti xȧ nge Nciba. U-Tshaka waka waza kugaleleka ngokwakė e-Ngcobo kwa ngalowo mqwebedū wohlaselo lwakė.

U-Ngubencūka ikūmkani yelaba Tėmbū ngeloxesha 1827, ngenxa yevuso lika Tshaka watumela amadoda e-Rini ukumema ama-Ngoloti (umkosi wama soldati amhlope) kunye nama Gcaleka ukuza kumnceda ku-Tshaka. Afika selepindile u-Tshaka lowo sekukȯ imfecane yama Ngwane nama Hlubi e-Bȧziya.

## IMFECANE.

### AMA-NGWANE NAMA HLUBI.

Eligama liti Imfecane litėtȧ ukufacȧ—ukuhlaba udiza nempakatȧ—oko kukuti kukubulala indoda nomfazi nosana oluse mhlana ngomkȯnto omnye. Yinto ke leyo eyayisenziwa ngamabandla afunzwa ngu Tshaka. Iqūbe lento zada ezinye izizwe zakuqūba okukufaca sezinga safunzwa ngu Tshaka. Ayenjalo ke kanye ama-Ngwane nama Hlubi la sibalisa ngawo.

Ngamabandla awayenduluka e-Lutūkela, nango eyakutsho e-Lusutū e-Cocolosi kufupi ne Leribe. Wayelapȯ unina ka-Nkosi William Nota nonina ka Ntlokȯ u-Xėgo nonina ka Amos Nomsuka e-Rȯde, Mount Ayliff. Babetūnyiwe ngu Matiwane inkosi yama Ngwane apȯ e-Leribe babuya bakūlulwa ngentlaulelo enkūlu.

## U-MATIWANE NO MSHWESHWE.

U-Matiwane utŭmele ku Mshweshwe e-Ntaba Bosigo, amadoda amane ehamba nezindibi zawo ezimbini—abantu bokupătă utywala imiqonga nempahla. Lamadoda atŭnywa ukuya kucela ubuhlali ku Mshweshwe afika alandulelwa yaba ke lonto itĕtă ukuti a-Besutŭ bayayivuma imfazwe. Ubuhlali yintsimbi yokwenza amaso nezihombo zomqala nembănde nengalo. Xa sukuba inkosi yayicela ubuhlali kwenye, kukucela imfazwe, yakulandula enye kukuvuma imfazwe oko, kanti xa ibukŭpile kukuba ingafuni mfazwe.

Wafunza ke u-Matiwane ku-Besutŭ. Suka a-Besutŭ baqengqa amatye acitwa ama-Ngwane ukuze aselencama u-Matiwane wagqitĕla pambili wayakutsho e-Herschel wahlaselela ama-Kĕswa—atinjwa, waya kukanisa e-Mbŏlompo e-Băziya.

---

### INTSHABALALO.

Kutĕ kanti selekŏna ama-Ngoloti, nama Gcaleka e-Nywaȓa komkŭlu kwa Ngubencŭka okuya ayemenyelwe u-Tshaka, aselefunza naba Tĕmbŭ kuma Ngwane e-Băziya 1828. Ati ama-Ngwane akubona umkŏsi wama Ngesi axakwa loluhlobo lwabantu—abaqabe ifŭta ebusweni (ngabula bona) abalwa ngezulu lezandla (imipŭ). Azoyika nenqwelo zawo ezinetentyi besiti zizilwana zinina ezi zikŭlu kangaka nemilomo yazo.

Akakătăla noko u-Matiwane wafunza ibandla lakĕ lokuqala imbŭla-mbetĕ—u-Gibixĕgo lacitacitwă zinkanunu lapĕla. Upindile u-Matiwane wafunza elesibini i-Ntsimbini nelo latshayelwa kwapela. Kutĕ kulapŏ walililelela elesitătŭ walifunza ibandla lika Ziflatĕle nalo labŭjiswa. Zite impinzana eziseleyo zabaleka nengxweleȓa zibelekiwe zaya nazo kuma Mpondo e-Ncambĕle, zacela ukuba zizalwe. Bunjalo ubukŏ bama Ngwane nama Hlubi kwelilizwe.

Ekubeni ama-Ngoloti ebuyele komkûlu e-Nywaŕa u-Mhlekazi Ngubencûka wenze isicelo sokuba akûselwe ngabafundisi no Rûlumeni. Kwavunyelwana ukuba kusekwe umzi wabafundisi. Asukile ama-Ngoloti lawo no Mhlekazi u-Ngubencûka bekåtshwa ngu Ndlambė uyise ka Mgwetyana no Mhata baya kugxumeka isiza sesikolo kwintili epåkati ko Mgwali no Mbåshe ngo 1829. Kutė ngonyaka olandelayo bafika abafundisi base Wesile u-Rev. Richard Haddy nomncedisi wakė u-Rev. J. C. Warner ngo 1830. Ibali lalomzi nofunda ngalo kwisahluko nge Clarkebury kwakulencwadi.

Unyawo zam wen' uy' e-Quluqu
Uzuti ku Bawokazi apo badibene ngam abay' e-Jajini nase-Büngeni
Ke sitüm' umntu angabisabuya
Ude wati ndingamtàtà pina bet' umnt' obuya msinya
Int' engqin' inkul' ingenahlati layo
Usk' ati gqotė ku Mqind' agoduke
Ke tina Magqota sakufel' e-Ngcikazi
Lama Hala ase zantsap' e-Manqabeni won' ebejong' u Nomadolo
Umzingeli we Ngwe kuvuk' inamba
Inamb' enkul' ejikel' i-Tyalara
Umazingelez' ilizwe axel' umnyama
U-Gama lincwadin' umntan' enkosi
Kuba labàlw' e-Rini labàlw' e-Dikeni
Ugudl' i Balekisi
Umbulali we Dad' elise Tyumbu
U-Gwal' olubet' abelungukazi
Inkos' enkulu ayizang' itèt' ingadang' inikelwe
Noko ngati sowuhleli nomlomo kwapàkati
Yint' elizwi linenceba njengomntana
Ke sabokwe siyading' emayalweni
Sipos' u-Qiti sahlaba ku Jongi
Wasuka u-Jongi walila lapùm' ilanga
Yabúya yayeka kuba yinkunz' engqukuva nok' inempondo
Wavel' enkalweni kwatsh' imilambo,
Ufanele nguyena yena mdal' ebantwini
Umatàndana ne nkom' ezimdaka
Ezake zabulal' ilizwe ngo Mlanjeni
Impusumpusu enje nge sinaliti
Sona silo singalali 'nkunkuma
Ke tin' u-Tixo simazi pezulu
Bangatàmbekek' abatàmbekekayo
Ke kodwa won' u-Mzantsi awukamqondi
Ke Gongxek' umhlana
Ude wanga yindlel' endal' ebek' e-Mzimvubu
Uze uye ku Sigoqo akuxelel' indlel' ebek' e-Mampondweni

Yiyona ndod' indala yaz' amazibuko
Isigungqa bukweni kulo Mfazi
Qinis' intliziyo sowuyindoda
Kupėla kwendod' esikangele yona

AH! JONGILIZWE.
Ncincilili.

---

Ngu
QAKUVA DYANTYI,
IMBONGI.

## Ama-Baca.

Kutė kanti ama-Bȧca ka-Madikane nawo ezile ngemva ukusuka e-Mtȯnjeni we-Gqili; nawo atyȧlwa ngu Tshaka, nango ehlisa u-Mzimvubu egqitȧ e-Cedarville (ngoku) nase Mvenyane, yekoko ukuya kutsho e-Tina nase Tsitsa ehamba eyi-mfecane kuma-Hȧla e-Bėncuti nama Mpondomise. Adu̇du̇lwa ama-Hȧla apu̇nyezwa kwintaba ze-Nqadu, yekoko ukuya kutsho emantla no Mbȧshe. Kutė kulapȯ wafunza ngesiqu u-Ngubencu̇ka, wawela kwele Ntshaba e-Xuka, etėlelwa ngama Mpondomise. Acitwa ama-Bȧca, u-Madikane wafela e-Gqutyini—wazibulala ngo-buhlungu bentliziyo. Intonga zakė zobukȯsi zatȧ-tyatwȧ ngu nyana wakė u-Ncapai.

---

### U-NCAPAI NABA TEMBU.

Kutė selefile u-Ngubencu̇ka, nalo incwȧba lakė pezu ko-Mbȧshe eskolweni e-Mgwali, inkosi ingu Mtirara apo e-Mgwali pȯfu esemncinane. Kwasuka igqira lalapo komku̇lu u-Gqobȯzitole lahambela kuma Bȧca kwa Ncapai. Kutė ekutėtėni u-Ncapai wabuza imvelapi lapendula igqira. U-Ncapai ubuzile igama lenkosi entsha yaba Tėmbu̇. Lapėndula igqira lati ngu Mtirara. Wavutȧ umsindo ka Ncapai, wabuza wati: "Ngu Mtorara kuba ungetyiwa ngu-bani?" Lapėndula igqira lati: "Awungetyiwa ngu-we, Ncapai." Oh, yeka! Lemka bupu̇tu̇pu̇tu̇ igqira elo, kwatiwa maliyokuxelela u-Mtirara ukuba umkȯsi wama Bȧca uyeza ukuza kuhlutȧ elogama nge-mfazwe. Laba liku̇lu ivuso komku̇lu. U-Mtirara

wasele fuduka e-Xonxa. Okwenene kugqite inyanga yanye wafunza u-Ncapai. Wayiqala kuma Qwati nama Gcina. Yekoko ukuyakutsho kukålo lwe Nyanga. Mhla u-Ncapai watimba abafazi nabantwana baka Tyòpo inkosi yama Gcina; kwalamla umfundisi Rev. J. C. Warner. Kutė kunjalo zamemana izizwe aba-Tėmbů, Gcaleka, Qwati, Gcina, zatėlela kuma Båca; ukuze acitåcitwė mpela; nanko u-Ncapai eyakufaka intloko ku Faku ema-Mpondweni, apo wafela kòna ehlatini lase Tėnde e-Lusikisiki, ngokuqengqeleka eliweni kwidatyana lakė nama Mpondo. Ubonwe ngentsasa ngamakwėnkwė aluse inkomo, apůke imilenze nengalo esahleli pòfu. Wawacenga lamakwėnkwė ukuba ambulale kupėle intlungu. Oyika abaleka amakwėnkwe ayakuxelela u-Faku. Wati ngosizi watůmela abantu bokuya kumgqibela akůlulwe ezintlungwini.

## *Ama-Tshatshu.*

Ukutshatyalaliswa kwama Ngwane esesitėtile ngako, kwehla into ka Tshatshu u-Bawana, uyise ka Mapȧsa, umzukulwana ka Xȯba, ongumntan' omzukulwana ka Hȧla, sewatȧbatȧ unyawo kade, ngenxa yezivukavuka ezazikȯ. Wahamba nebandla lakė waya kuti xȧ ngelaba Twȧ, kufupi ku Komani, kwati kunjalo apȯ kuma Tshatshu kwafika abafundisi base Moravia. Baza banemvisiswano enkůlu nama Tshatshu. Kusekwe lomzi kutiwa yi-Shilo—i-Bėde (Dutch Bede—a prayer)—isikolo sika Bawana. Kwasekuba lapȯ i-Kuluneli zimana ukufikela kȯna ukudibana ne-Nkosi zaba Tėmbů—o Stockenstroom Napier—1838-1844—kwenziwe izigqibo.

---

## UNGUBENCUKA.

U-Ngubencůka into ka Ndaba enkůlu e-Nywařa komkůlu, walaula wada walixėgo wabůbȧ ngo 1832, eshiya kungekȯ nyana kwindlu enkůlu kwa Nonesi—umfazi wakė—intombi ka Faku kuma Mpondo, kungekȯ neqadi layo lonyana omakadalwe. Kwabonakala ukuba u-Nonesi makazikėtėle kubafazi baka Ngubencůka bezinye izindlu, omakabe ngunina wenkosi, lazȧ iqashiso lawa kwintokazi yasema Qwatini intombi ka Fubu, unina ka Mtiřařa nȯ Shweni no Joyi. Kutė kuba u-Mtiřařa wayesemncinane kwabonakala ukuba makabanjelwe nguyisekazi u-Fadana into ka Ndaba.

## *U-Rulumeni no Mtirara.*

Kutė ngo 1845 kwafika apo e-Xonxa kwa Mtiṙaṙa i-Ruluneli u-Sir. P. Maitland ekȯ no Mapȧsa. Le Ruluneli yayise ivela kubȧmbisa u-Faku no Ndamase no Cingo usiba, ema-Mpondweni. Kwenziwa izigqibo kanye ezifana nezo zenziwa no Mtiṙaṙa.

U-Ruluneli Maitland uvakalise kwezi nkosi zaba-Tėmbu̇ ukuba u-Rulumeni unqwenela ukuba kuhlaliswane ngoxolo, bangazingeni izivuka-vuka zakwa Ngqika. Kambe lalima-xȯngo yimfazwe ye-Zembė. Ngokwenjenje u-Rulumeni wayezama ukugalela amanzi ukuze umlilo unganwenwe-zeleli kwezi ziku̇mkani zempumalanga. Wamkelwa ngobu-bele zinkosi zaba Tėmbu̇, wahlinzelwa intw'etyebe kunene yenkabi yenkomo, kwenziwa izigqibo zemvisiswano kwa-banjwa usiba.

---

**Intloko Zezigqibo.**

1. U-Mtiṙaṙa no Mapȧsa no Rulumeni bayakuzama ukuhlalisana ngoxolo. Isikȧlazo somnye wosiqu̇ba komnye bazame ukusilungisa ngoxolo.
2. Bayakuncedisana ngemikȯsi xa omnye efuna uncedo lomnye ngesizatu̇ esifanelekileyo.
3. Abafundisi, abelungu bevenkile nabanye abaṙwebi, nabadluli ngendlela baka Rulumeni emhlabeni ka-Mtiṙaṙa zebapatwė ngentlonelo.
4. U-Mtiṙaṙa akasayi kwamkelana nasizwe simbi kweza-pesheya ngapandle kwesama Ngesi ka Vitoliya.
5. Inkomo namahashi nayipina impahla enokuti ifihlwe ngobusela emhlabeni ka Mtiṙaṙa, kuya kuncediswana ukuba ivele, ipindiselwe apo ibivela kona.

6. Ngokunjalo nakubapŭli miteto ka Rulumeni, abazimelele kweli lika Mtiȓaȓa baya kubuyiselwa kwa ku Rulumeni.

7. Amakȯlwa nabanye abantu abazimisele ukuba pantsi kwepiko labafundisi baya kunikwa inkululeko nokŭselo, bangabotshelelwa kumasiko obuhedeni bengafuni.

8. Umhlaba onikezelwe abafundisi nabantu abapantsi kwabo, awusayi kucŭkunyiswa zizipitipiti zemfazwe, nabantu ababalekela kulowo mhlaba bayakuba basindile kubasukeli babo.

9. Aba-Tėmbŭ bayakuzama ukuhlalisana ngoxolo nezizwe ezibangqongileyo. U-Rulumeni wolungisa indawo abapȧmbene ngazo.

10. Xa u-Mtiȓaȓa ezigcinile ezizigqibo uyakumana ukwamkeliswa ikŭlu leponti (£100) ngonyaka.

Zabakȯ ke nezinye izigqibo ezixomelelėke kwezi. Isipumo sazo saba kukwalatėlwa kuka Koli (Mr. E. M. Cole), ukuba abe liliso lika Rulumeni kuba Tėmbŭ—ngo 1847—ekutė akufa u-Mtiȓaȓa, waqonda ukuba akusekuhle wafuduka.

# *Ukufa kuka Mtirara.*

Yaba yimini elusizi kakūlu imini yokubūbȧ kuka Nkosi Mtiṙaṙa, e-Xonxa, egule ixesha elide pȯfu. Ngayo lomini kwehla isihelegu esibi kunene. U-Shweni umninawa wakė, ngokubona isidumbū somkūluwa wake, watȧbatȧ umpū wajikela emva kwendlu wazidūbula wafa. Kwazizidūmbu ezibini nama ncwȧba amabini enkosi, isililo sasinye ngamininye. Babetȧndana ngokukūlu ingumtya netūnga. Lonto wayenza ngobuhlungu bentliziyo.

Malunga necala lobeko lwenkosi kwenzeka into efana naleyo yenzeka ukubūbȧ kukayise u-Ngubencūka. Nditsho kuba u-Mtiṙaṙa wabūbȧ abafazi bakė engabalaulanga, kwaba sekudalwa kubafazi abakȯyo, owendlu enkūlu unina ka Ngangelizwe, u-Notasi (u-Dumte elakowabo), intombi ka Myeki, udade bo-Notshwėleka umfo ka Myeki ukunene. Ngokunjalo nowasekunene unina ka Raxoti u-Matȧnzima. Kuhlaleke kwabonakala ukuba inkosi u-Mzolisa into yakwa Hȧla, ama-Tshomane, nama Nqabe, makapūtūme u-Joyi ipėlo lakulo Mtiṙaṙa owayesetȧnga lika yise e-Tsitsa no Jumbȧ ka Ndaba ukuba abuye azokubambėla umntanenkosi u-Ngangelizwe, owashiywa esemncinane. U-Joyi akabanga saya e-Xonxa komkūlu waba selesakȧ kwelo nxowa lipėzu ko-Mbȧshe.

## U-Sir Walter Stanford, K.C.M.G., U-Ndabeni.

Lomfo ligoŕa elikúlu esimilweni nase mfazweni litênjwa elipámbili embusweni wama-Ngesi kweli, ngokukodwa kumaxesha olaulo luka-Vitoliya ukúmkanikazi. Wazibalula ngokwaká imvisiswano pákati kwezizwe ezintsundu no Rúlumeni, ngokukodwa pákati kwama Mpondo no Rulumeni. Umoya waké omhle wenza ukuba ilizwe lawo lingene ngoxolo nokuzola.

Ayemaninzi amaxesha awayemana etúñyelwa nemikosi zinkulu-mbuso ukuba ahlasele elama-Mpońdo. Kodwa ubeti yéna akuñka asuke atéte apéndulane, anyamezelane nawo ngoxolo.

Kuzibongo zika-Sigcau inkósi yama-Mpondo kukó umgca oti: "Wena táng' elindawonye nelomlung' u-Tamfotï." Kutshiwo ngenxa yemvisiswano yabo, bekolisa ukuhlala ndawonye.

Ngenxa yesipátó saké esihle wanikwa iwonga lobo-Ngameli zi-Mantyi kulo lonke elasema-Xoseni —Transkeian Territories. Wayikusela ngokomelela imihlaba yabantsundu kubelungu ababeyivuzela amaté.

Nango umzi omkúlu omhle kunene e-Kapa wakiwa ngaba Ntsúndu abamenzela isikúmbuzo bati kukwa NDABENI.

Inzwana enkulu namhla ipumle ekayeni layo ku "Lindani," Stellenboch, ulilungu lendlu ye Ngwevu—The Senate—e-Palamente.

Uzibalula futí-futï apo ngokubúsela abantu abantsundu, wada waqongqotela mhla nge "Colour Bar Bill," 1926. Watsho yayaluzela i-Palamente.

Intshayelelo yaké ebonakala emantla nalencwadi ityila umoya waké omhle.

Intsikelelo yokwazana kwam naye yaba luncedo. Ngexesha lokungena (Annexation) kwama Mpondo Emfundisweni, 1894. Ndikokwetu kwa Rev. Peter Hargreaves apo ndalunyulelwa kona ngo 1884. Ndandisoloko ndiyingqeqana emana ukuteketiswa zezo zihändiba zendwendwe ezibo Ndabeni, Meje, Scott, njalo njalo.

U-Vitoliya sasingamazi kodwa sisipàtò esihle salamadoda esibangela ukuba lingafi igama lika Vitoliya ezintliziyweni zabantsundu.

## *Ama-Hlubi ka Ludidi.*

Nokumbula ukuba ama-Hlubi leliya bandla lalikunye nama-Ngwane e-Baziya. Ekucitacitweni kwawo aqokelelana anikwa umhlaba wase Ngcwanguba, aza abuyela kona onke ama-Hlubi ase-Lusutu nakwa-Baca, nasema-Mpondweni, eza ku Ludidi e-Ngcwanguba, e-Mqanduli, emanxoweni ka-Myeki, inkosi yama-Mpondomise, owayecitwe ngama-Tshomane, nama-Nqabe, wabalekela ebukozini bake kwa-Mtirara e-Xonxa. Ahlala apo ngokonwaba amabandla ka Ludidi ama-Hlubi akwa Radebe:—

U Sitole sika Mgidi ka Langa,
Esaqayisa ngamabel' ukugwantsa.
U Bong' onekala, umpangelelana,
U Sisila sentengu nesentakakazi.
U Lusiba Gojela kwa-Nqand' ekaya,
Ukuze kusale u-Qaula,
Ngu Mtshotsho Mtshule kuba kwenzeni.
Abaseng' amaputi,
Abapat' izihlangu zengulube,

---

**Ukucitwa kwama-Hlubi.**

Ufikile u-Joyi ukubambela u-Ngangelizwe, kwafuneka ngesiko ayokwaziswa u-Ludidi ngomhlekazi lo. Ngamini itile zanduluka inkabi zamahashi zitimla ukuya kwa Ludidi e-Ngcwanguba. U-Nkosi Joyi walaulwa kwa Sotwili, kumzi okufupi ne-Komkulu lama-Hlubi. Wahlinzelwa inkabi yenkomo. Enziwe onke amatile-tile okwaziswana neziyalo. Yati bedu impi ka Joyi ukugoduka kanti isele apo

inja entle ka Joyi. Kususwe amapàkati okuyipùtuma apo kwa Sotwili. Lamapàkati afike akasiwa ngandlela ngama-Hlubi abetwà ayishiya inja leyo.

Yinto ke leyo eyatsho yaligqiba lonke ilizwe kusitíwa u-Ludidi umbulele u-Joyi. Yahloma yapèlela eyaba-Tèmbù, yafunza kwa Ludidi ekàya, ivela kumacalana onke ngokungatī zimbòtyi zipàlele esitèbeni. Leyo yaba yimini yokucìtàkala kuka Ludidi, waya kufaka intloko ku Ndamase ema-Mpondweni. Nazo namhla intsapo zawo kwa-Bàca.

# *Imfazwe.*

## Eye Zembe, 1845.

Make sitī cȧpa kancinane kwimfazwe ngokupȧtėlele kuba-Tėmbu̇.

Aba-Tėmbu̇ noko bona babekȯtana no Rulumeni ngapȧndle kwetshantliziyo elingu Mapȧsa. Yena ke waka watėlela kuma Ngqika kweye Zembe wanexȯba lenkomo ezininzi awabuya nazo. Kodwa u-Mtiṙaṙa wenza ubudala ukugcina izigqibo zemvumelwano yakė no Rulumeni. Nanko ezihlutȧ ku-Mapȧsa ezinkomo, waziqu̇ba wayakuzibeka e-Kampini ka-Ruluneli Maitland e-Dikeni. Wabulelwa kaku̇lu ngesosenzo u-Mtiṙaṙa.

## Eka-Mlanjeni, 1850.

U-Pindile u-Mapȧsa ngeka Mlanjeni watėlela ama-Ngqika. Lemfazwe yehla ngoluhlobo.

Njengesitėtė salawo maxesha amadoda amaku̇lu akwa-Ngqika ebehlala ahlale abizwe komku̇lu azokwelatshwa, aqiniswe, aku̇tshwe umtȧ-wedolo sisanuse sesizwe, ze kuti kwakuvela imfazwe naninina ibe yileyo indoda seyisisigadangwe segoṙa elingena ntaka esifubeni. U-Sandile ke wenza lonto. Isanuse sesizwe sasingu Mlanjeni, ingqwemsha yomfo onetȧtȧ. Kwelatshwa amawaka-waka empi.

U-Sir Harry Smith umpȧti-mikosi yama-Ngesi waqonda kwa oko okokuba livumbȧ lemfazwe eli wabiza u-Sandile, efuna ukuqonda ngalento. Waza akapumelela ukuya wala. U-Sir Harry Smith uku̇pe ibutȯ elimnandana lokuya kuqonda ngalento, ze lize no Sandile. Elibutȯ lati-gwalakaqa nama-Ngqika entlanjeni ye-Debe Nek,

labulawa lonke, yapèl' int' ebitètwà. Lafa ke ilizwe. U-Mapàsa ungene kwesosituba. Kodwa acitwa amabandla akè, kulendawo namhla kuyidolopu ku Komani.

Kuvakala ukuba u-Rùlumeni wamsola kakùlu u-Sir Harry Smith ngokufunza impi engekaqondi into ekuyiyo. Kanti ke noko kwakòna akukò ndoda ingati iwubona umlilo iwuyeke ude uzokungena ekàya. Wařoxa ke u-Smith ekulauleni.

Emveni kwakè kungene u-Sir George Cathcart selixolile ilizwe. Efikile utàbatè ibandla lika Mapàsa walififinga ukuhlisa intili ze Ndwe (Glengrey) kwicala lase Ntshona. Ukusuka apa u-Cathcart ufunze kwa-Gcaleka, ukuya kulungisa udushe lokutshiswa komzi wabafundisi e-Gcuwa 1852, yaza yangomnye umgca lowo.

Akuba efile u-Cathcart ngo 1854, emfazweni pèsheya kutùnyelwe u-Sir Philip Wodehouse, owafika watètà kakuhle naba Tèmbù, ebacenga ukuba bawelele ngase-Mpuma kwe Ndwe. Wayiququzelela kakùlu u-Mr J. C. Warner lendawo. Kutè ngo 1864 lawela ibandla lika Matànzima into ka Mtiřařa, no Ndařala inkosi yama Ndungwana, kunye no Gecelo into ka Tyòpo, no Stokwe into ka Ndlela. U-Stokwe lowo wayemi pezu kwe Ndew—e-Guba—nase Ndwana. U-Mpangele Tyòpo ese-Mtsheko—Glen Adelaide—ngakulontaba ka Zinxondo. Oka Ndařala umhlaba wawungenxa zombini zomlambo oli Cacadu, ude uyokuma nge Sidubu—St. Marks, apo Indwe ne Cacadu zidibana ngegama abati yi White Kei, ili Xonxa elingena e-Cacadu, kwalingeka hlangani ne Ndwe ukuya kungena kwi Nciba (Great Kei).

U-Rulumeni wamisela u-Mr. E. J. Warner ku Lubisi—Southeyville—ukuba abe liliso lika Rulumeni.

Elinye iqela laba Tèmbù alizange livume ukushiya lawo mabuwa ase Ntshona ye Ndwe.

Abelungu bevenkile ababelapà babemana ukuřafela inkosi abapantsi kwazo. No-Rulumeni naye emana ezipòsa itikana zokuzosula umdaka wokubila ngemfuduko.

## U-NGANGELIZWE.

Unyaka we 1863 ube ngoweziganeko ezitàtù ezikùlu. Ngunyaka wokubùbà kuka Joyi. Ngowokungena kuka Ngangelizwe e-Sutwini, ngowokutàbatà kwakè intambo zobukòsi. U-Rulumeni wamti-jize ngesipò se £50 mhla wabekwa u-Ngange'zwe, watèmbisa ukumnika ama-£52 ngonyaka ṙoqo.

Kuhlaleke kwati ngo 1866 u-Ngangelizwe wazeka u-Novili "Inkosikazi" intombi ka Saṙili kuma-Gcaleka, ekute ngo 1870 ngobubòvubòvu bakè obaziwayo—kuba wayengu "Mnand' onesikwa" ngalomsindo wake—wayohlwaya, kanti uyenzakalisile kakùlu.

Yazimela yayakutsho kowayo kwa-Gcaleka. Adwanguza ama-Gcaleka ngumsindo, ilizwe lanuka imfazwe kwa oko, pàkati kwabo naba Tèmbù Wapùtùma u-Rulumeni wakùpà u-Mr. E. B. Chalmers, ukuba apicotè alamle esisixòloxòlo. U-Ngangelizwe wadliwa ama 40 enkomo wazamkela noko eṙiṙiza u-Saṙili. Kanti okunene asipòlanga esisilonda. Wayitètà umfo ka Hintsa yat' ukufunz' e-Tyalaṙa yabubugqwangu nge 6th October, 1872. Yesuswa eyaba-Tèmbù. Nanko u-Ngangelizwe eyakuziṅhla kwa-Mfundisi u-Hagile e-Mgwali. Hai akwalunga wagqità ngobusuku wayakutsho e-Mjanyana wada wayakujika e-Gqutyini.

Wanyatèla ekondweni u-Saṙili. Wagaleleka e-Mgwali ku Hagile. Wavutuza ngomsindo esilwa no-Hagile efuna u-Ngangelizwe. Hai lapòla itole lika "Mgilana" u-Hagile.

"U-Vuma nengcinga,
U-Somatàntalala
U-Qobozel' iyeza."

wati kuye. "Zola Saṙili. Uzihlazelani uyinkosi engaka? Yini ukulandelana nenkwenkwe wayibetà nje kadè.

Goduka kwanele." Yapela into ebitėtwȧ wasela ikofu wagoduka eshiya umyalezo oti maze ayalwe u-Ngangelizwe angafeketėli kuye. Kuhle ukuzitȯba kwenkosi xa iposisile waqůba kakuhle u-Ngangelizwe.

Ngokubonakala ukuba alukȯ kanye uxolo pȧkati kwaba-Tėmbů nama-Gcaleka u-Rulumeni ukůpe u-Tshalisi—Hon. Charles Brownlee (Secretary for Native Affairs) ukuba azokudala uxolo pakati kwabo. U-Sařili wakůpȧ inkonde zamadoda amane, no-Ngangelizwe wenza lonto naye, kwaxoliswana e-Dutywa ngo 20th January, 1873. Kwayalwa kwayolelwa kwatshwauzwa ngobuciko obukůlu.

---

## Eka Nongxokozelo, 1875.

Kugqitė wamnye umnyaka kwati kolandelayo yehl' intlekele. Kuba wayengasinguye nomntu ukungeva lomntwana ka Mtiřařa. Ukuzeka kwake inkosikazi u-Novili kwakukȯ impelesi yakė u Nongxokozelo. Wayizeka nayo yangumfazi wakė. Ngamhla utile waxakaniseka kakůlu u-Ngangelizwe wada wayalela u-Ndevu ukuba ayokubulala u-Nongxokozelo ezindongeni okwenene wakwenza oko u-Ndevu—25th July, 1875—pofu wabuya wadana kakůlu u-Mhlekazi. Kutůnywe amadoda okusa oludaba kumlungu u-Wright i-Mantyi eyongameleyo. Kwabonakala ukuba maze intetȯ ibėkiswe umtyiso ezantsi, kutėtwė ngokuba u-Nongxokozelo ubulewe yintloko nehlaba. Hai yabuya yadandalaza inyaniso. Yavutȧ ngokunye ingqumbo yama-Gcaleka. Azimisela ukubadla luhlaza aba-Tėmbů. Lomcimbi wasingatwȧ ngu Elefu iliso lika Rulumeni kuma-Gcaleka no Wright kwicala laba Tėmbů. U-Ngangelizwe wadliwa ama 200 enkomo ne £100. Kwakuxa incokolayo imbongi ka "Ngezwe" isiti:

"Ngumkwėzeli wentlantsi eziqůqůmbȧyo
Ziqůqůmbele umfana ka Hintsa u-Sařili."

Lembongi yatsho u-Sar̄ili wayidela lentlaulo. Kwaxuxuzela amatŭmbu wafuna isiqu sika Ngangelizwe. Lonto yatsho kwakŏ ulopŭ lwemfazwe. Waputŭma u-Bŏkolo—Commandant Bowker, nomkŏsi wamajoni ukuza kutintela isipitipiti. Akazange ayitintele kuyapi. Kuba ahamba ebakŏ amagqwatyana okususana amaqiza pofu labuya laxola. Kwahanjelwana zazezakwa Mkwĕkazi ezemfazwe—unanamhla luxolo.

---

## Ukungena kwaba Tembu, 1875.

Kute ngo 28th October, 1875, zamenyelwa e-Mgwali—Clarkebury—zonke inkosi zaba Tĕmbŭ zakŏna zonke ngapandle kuka Dalasile inkosi yama Qwati. U-Rulumeni wakŭpa u-Mongameli we-Mantyi u-Wright kunye no Mpăti-mikŏsi u-Bŏkolo—Bowker—ekŏna no-Mfundisi u-Hagile. Owayekŏna uti utŭli lwenyawo, nolwamanqina amahashi aba-Tĕmbŭ lwabambĕlela emafini alabonakala ilanga.

Kupăkame u-Mantyi Wright wati: "Zinkosi zaba Tĕmbŭ, nani mbandla, ukuba lapă kwetŭ sitŭnywe ngu Rulumeni, uti masinixelele ukuba ur̄uqukile kukusoloko elamla ukupalala kwegazi. Kuqondakala mhlope ukuba anisayi kude nihlalisane ngoxolo nezinye izizwe enimelene nazo. Kwaye nenduna azibeke ukuba zibe liliso lakĕ anizikatălele U-Rulumeni ngoku ufuna ulaulo lube lolwake poqo. U-Ngangelizwe akafanele kupată unemfeketŏ gqita. Uyakŭtshwa mpela makahlale pantsi atye £200 isipŏ seminyaka esiyakuvela ku-Rulumeni. Kanjalo uti u-Rulumeni nakungena kuye niyakur̄afa imali yokuhlaulela indleko zokulaula kwakĕ.

Kuqutyiwe kwatĕtwă nangemigangato yokungena pantsi ko-Rulumeni. Kwangenelela intĕtŏ ezininzi nezishushu zokubuza ingocingoci, nezitămbileyo nezenkwalambĕsi, ekude kwati ebŭngeni laba Tĕmbŭ beno Hagile kwavunyelwana ukuba kubekwe ezintloko ku-Rulumeni.

1. U-Ngangelizwe makaqondwe ngu Rulumeni ukuba uyinkosi-nkulu yaba Tėmbŭ akanakushukunyiswa.

2. Inkosana ezili 14 zaba Tėmbŭ ezipantsi kwakė maze zaziwe zamkeliswe ngu Rulumeni.

3. Irafu ze ingahlaulwa de kudlule iminyaka emitȧtŭ.

4. Imida emidala yelaba Tėmbŭ maze iqiniselwe.

5. Inkosi maze zivunyelwe ukutėtȧ amatyala embȧmbȧno nawezono ezilula.

6. Izikolo—Mission Stations—maze zibe selulaulweni lwabafundisi kunye nabemi bazo.

7. Utywala bomlungu mabungaze buvulelwe kwelaba Tėmbŭ.

8. Amatyala embȧmbȧno ngomhlaba nobukosi akasayi kutėtwȧ ngamagqweta.

9. Amahlati ayakuhlala engawenkosi nabantu.

10. Amasikȯ obuzwe baba Tėmbŭ angapȧmbėne nentlalakuhle yabantu no Rulumeni ayakuhlonelwa emtėtwėni.

Abatŭnywa, u-Bȯkolo beno Wright, bayitumela ku-Rulumeni lempendulo, waza naye wavumelana nayo, kodwa wenza umbandela oti akamamkeli konkena, njengenkosi u-Ngangelizwe, kupela nje uyakondliwa nge £200 ngonyaka.

Kubuye kwakȯ imbizo eyenziwa e-Nyanga—"All Saints,"—wakȯna no Dalasile nebandla lakė lama Qwati. Ude naye wavuma ukungena pantsi kwepikȯ lika Rulumeni. Kodwa wenza umbandela oti: Kungena yena yedwa, ama-Qwati ka-yise u-Fubu ayakuhlala epȧntsi kolwakė ulaulo. Izikȧlazo zawo zoya naye ku mlungu—nguye isang, nguye indlela yawo. Wacela kanjalo ukuba ze anikwe imantyi eyahlukileyo yama Qwatî—zatunyelwa ku Rulumeni nezo impendulo.

Kuhlaleke kwahlaleka u-Rulumeni watümela ilungu le Palamente elingu Mr. S. A. Probart ukuza kuqinisela ukungena kwaba Tèmbü, 24th December, 1875. Kwatiwa u-Dalasile makawuṙoxise lombandela wokungena yedwa. Wada wafana wavuma kwabonakala ukuba ufa namtà-nyana, eṙiṙiza. Lento yabuya yaqondakala ngokusuke angavumi ukuyamkela imali evela ku Rulumeni esiti: "Le, yimali etenga igazi labantu baka bawo. Andi-yifuni."

Lo, waba ngumnyaka wokucandwa komh!aba waba Tèmbü wazizitili zemantyi ezine. (1)—Emjanyana, pàntsi komongameli u-Wright. (2)—Engcobo, pàntsi ko Ndabeni (ngoku Sir W. E. M. Stanford). (3)—Umtàtà, pantsi ko Mr. Boyce. (4)—Mqanduli, pàntsi ko Mr. J. H. Scott.

Kute kupipipi kwavakala ukuba u-Rulumeni uyazisola ngokungamnanzi, angamxabisi u-Ngangelizwe, waqonda ukuba kunzima gqità ukulaula isizwe esintsundu ngapandle kwe Nkosi yaso, okanye aba-Tèmbü basuka bona banje-ngebuku lenyosi ukumtànda u-Ngangelizwe. Intètò epuma ku Rulumeni bezimisele ukuyiva ngaye ukuze ibe iyavakala, nabo befuna ukuba abe ngumlomo wabo ku Rulumeni. Wabuyiselwa ewongeni lakè ngokupeleleyo ngo 1867. Wabuya

"Umtünz' ongqongqo wase Mbàshe,
Oqàuk' ubuyuhlangane."

# U-Meje.

---

(SIR HENRY ELLIOT, G.C.M.G., Etc.)

Eba Tènjini alikò igama eliyakukùmbuleka ligqitè elika Meje. Abanye, xa besiya e-Mtàtà bati siya kwa "Meje." Eyona nto ibalulekileyo ngaye wayenobuntu, wayengenanzondo nanqala, wayenovelwano, wayetanda ukubona epumelela umntu ontsundu. Nanko u-Mr. Elisha Mda itofiki yakè endala, yabufumana kuye ubuntu ngokunjalo nabanye endingena tùba lokubabala.

Wangena ngo 1877 ukutàbatà indawo ka Mr. Wright yobu Mongameli. Wafikisana nemfazwe ka Ncàyecibi, xa kubonakala ukuba kunzima kanye kumikòsi ka Rulumeni. U-Meje ucele uncedo ku Ngangelizwe ukuba kuliwe nama Gcaleka—wavuma wapùma umkòsi waba Tèmbù ukutèlela u-Rulumeni. U-Dalasile wakàba ngawo omane. Yakudlula imfazwe wadelwa kakùlu u-Dalasile wadliwa ikùlu lenkomo ngesosenzo sendelo.

Elifute lalemfazwe ka Ncàyecibi lada laya kupàtèlela nako-Stokwe into ka Tyàli, no Mfanta. Zasezisitsha kwa oko zakuqubisana nomkòsi ka Meje e-Maxongo ngo March, 1878. Zagxotwà zabanjwa zombini ezonkosi ngu Levey imantyi yazo, zasiwa e-Qonce nge 11th July, 1878.

Kwaba semva kwale mfazwe ukucandwa kwezitili zase Southeyville nase Xàlanga.

Kubonakele emveni kwexesha ukuba aba-Tèmbù nezinye izizwe aziyiqondi ncam lento yokuba pàntsi ko-Rulumeni. Kutè ke ngo 1878, u-Nobàla Wemicimbi yaba Ntsundu u-Hon. William Ayliff walijikeleza lonke elasema-Xòseni, ehamba ecàzela inkosi nabantu ngolulaulo lutsha lwe-Mantyi, kanjalo eshumayela ukuba kwamkelwe i-Ràfu—

into ekwakubonakala ukuba inezotė lomfisi kuba-Tėmbŭ. Kwabakŏ imbizo enkŭlu ku-Cofimvaba ko-Ndaṙala no Gecelo Stokwe, bada nabo bayamkela iṙafu. Wabaqondisisa nangendlela yokubĕnela ku-Mongameli we-Mantyi xa benezikȧlazo. Kwamiselwa u-Major Elliot ukuba abe yeyona ngqonyela—u-Mongameli. Baqala ukuṙafa aba-Tėmbŭ ngo 1879.

## IMFAZWE KA STOKWE,

1880.

Asinjongo yam ukubalisa ingocingoci zemfazwe, kodwa iziqamo zale zibaluleke ngangokuba akungebe bali kakuhle ukuba ayikankanywa. Nakuba icebo lingazange lipumelele kuyapi, injongo yona yayikukuba kuliwe nomlungu—ukusukela e-Lusutu kuye e-Nciba. A-Besutu bona babexakaniswe ngu Sir Gordon Sprigg owayefuna ukubahluta imipu yabo isizekabani esabangela ukuba bacele ukupatwa ngqo pesheya. Ezinye izizwe ezintsundu zacelwa ukuba zincedise u-Kulumeni zilwe na-Besutu. Azavuma ezinjengama Mpondomise ka Mhlontlo into ka Matiwane:

"U-Bölokodlela u-Pila kuzenzela
U-Hashi lika Matiwane
Elingavumi kubotshwa."

Ilizwe lonke lanuka imfazwe, abelungu bevenkile besabela ezidolopini nase Mtata. Yatshiswa i-Ofisi nevenkile zase Ngcobo ngama Qwati, ukuze imantyi yakona—u-Ndabeni—anduluke aye e-Mtata. Waselefikile u-Gecelo ka Tyopo nempi yake ukuze abe ngu

"Galakaxa ezivenkileni,
Apume nama Bayi,
Awanike indwayinge zakowabo."

Yaseso kuma Qwati asekunene ka Stokwe Ndlela

U-Qagelibaleka nomtya walo.

---

### Ukufa kuka Stokwe.

Abanye bakolisa ngokuti u-Stokwe wadutyulwa eyokuhlasela umzana owawuse Cacadu (Lady Frere). Yimposiso ke leyo. Eyona nyaniso kukuba impi yake ngale-

mfazwe ka 1880 yafunzela e-Lady Frere yajikwa seikufupi kanye yaza yajolwa yeyomlungu, yafola ihamba isilwa ukubèkisa e-Bumbàna kucala langakomkùlu engekò kodwa yena u-Nkosi apo kuyo. Upume gqi komkùlu apo yena, ekwèle ingwevu yenkabi yakè yehashi. Ipàkati lakè limnqande ngamandla, kuba ebeke walibikela ukuba upùpè edutyulwa. Akakatsho ukunqandeka

U-Noqengqelekile,
U-Tyesh'ombi kanye.
Kâla mqadi wafa yintsika,
Inkomo ka Sotùku no Gangatà.

Wafunza ngesiqu sakè kulempi yomlungu eyayisukela eyakè. Wenzakala kon'apo ke kuba, nehashi lakè lalisaziwa kakuhle emlungwini. Laye iramnco eli laliseliruqule ngokàlipo, nobuncani ngompù. Bamcòla, bamzuza, ngembùmbùlu: kodwa abantu bakè babuya bampànga babaleka naye bamfihla akafunyanwa lutshaba. Lento yenzeka e-Ndwana pezu kwe-Ndwe. Ikomkùlu lalilapò e-Ndwana.

---

## Ucando lwemi Hlaba.

Aba-Tèmbù bompàkati nabanye abelungu babebamb' imvalo belinde elika Ngangelizwe ilizwi.

I-Rämbe' elinendevu lakwa Mtirara watùla wecikili umfo'mkùlu. Suka wavela ngeliti yena akasayi kulwa no Rulumeni, kwandul' ukuti gogololo izibilini ko Meje nabanye. Kumhla kwatsho nomlungu ukuti u-Ngangelizwe

"Ngu Langa lapum' enkundleni kwa Somtseu,
Zapuma zonk' izilo zagcakamela."

Seyidlule lemfazwe i-Palamente e-Kapa, 1882, itė lemihlaba yo Dalasile no Gecelo no Stokwe mayicandwe inikwe abelungu, nabantu bayitėnge kubuyiswe indleko zemfazwe. Kwakütshwa ikomiti ye-Palamente ukulungisa lomcimbi. Yaba sisityikityiki ukupångwa. Amabango avela macalana onke ayinkungu nelanga—Abefundisi, nenkosi, nondilele, nabelungu bevenkile, kwadywidwana kwasisiyikili ngokungati ngamakwėnkwė esidla ipåpü. Yaxakeka kanye ikomiti. Abalwi nomlungu bona banikwa umhlaba owenziwa isitili sase Cala. Yangu Levey imantyi yabo. Zenziwa zitåtü izitili zezozizwe. (1) St. Marks—u-Matånzima no Ndaŕala. (2) Cala—(abantsundu ingxube) (3) Ne Xålanga—abelungu.

# *Ama-Gcaleka.*

Lingebi lifezekile ibali laba Tèmbù kungabangakò zwana malunga nezakwa Gcaleka. Sike sawakànkanya ngomhla ancedisa aba-Tèmbù nge Mfecane. Kwaye ayezizimelwane esokèlana imililo.

Kambe u-Gcaleka no Rar̄abe yayizizinto zika Pàlo. Eyenkulu u-Gcaleka, umhlaba wakè yayi ngulowo ukwicala lempumalanga kwe Nciba, aza ama-Rar̄abe wona akwicala lase ntshonalanga. Kwati ke kuwo kwapuma ama-Ngqika ka Sandile nama Ndlambe. Lamabandla atyala wona ada ayakuma nge Dike ne Somaseti.

Kutè ngo 1827 kwasekwa isikolo sase Gcuwa emhlabeni wama Gcaleka, inkosi yawo ingu Hintsa into ka Kàuta.

Umbèka ntshiyini bat'uqumbile,
Umbàbalan' entsundwana,
Abayikuz' ukuhlaba ingekahlabi.

Kutè kupipipi kwako ukungevani kwama Ngesi nama Ngqika. Isizeka bani zinkomo zama Ngesi ezazimana ukuti-shwaka, kanti ziwezelwe kwa Gcaleka. Zitè zakubuzwa ku Hintsa suka wapendula ngeliti: "Zibuzeni kubantu abazizisileyo." Lwaqala apò udushe. Yilomfazwe yaziwa ngokuba "Yeyokufa kuka Hintsa, 1834."

Ngeye Zèmbè, 1845, ama-Gcaleka ayencedisana nama Ngqika, agxotwa, kònukuze acitàkale ayokufaka intloko ku Moni kwa Bomvana, ekute kunjalo kwalandela isityikityiki sika Nongqause, 1857, esaziwa kakùlu. Umntu uyidla ibembi leyo. Kwapatyalaka iqinga lonakala, baxingetyeni; kaloku kwaku jongwe ukuba umlungu agxotwe, awezwe ulwandle, suka akwabiko mandla okulwa ngokusuke kuqalwe ngokubityisa itùmbù, kungekò ntswane. Kwafiwa ngendlela embi wabùbà umzi wakowetu.

Wapél' umzi wakwa Gcaleka YINI!
Zafa lomini inzwana nenzwakazi,
Lang' ingalw' iřamncwe likŭl' UKUFA.
Intw' elunya! Intw' emanyala!
Intw' maziny' azingxavula!
Ayazi nceba ingenanto nasizi.
Hambà mtàkatì kudal' uzenzizinto.

Kute ngo September no October, 1864, u-Sařili wabuyela emanxoweni ka-yise, waza no Rulumeni wamnika ikŭlu leponti £100 ngonyaka. Laxola ilizwe kwayinto enkŭlu ukufika kwesihlokomiso sapesheya sokuba: "British Dominion must be withdrawn from Sařili's Territory and the Kei River be made the extreme boundary in the East.—(Blue Book). Yatsho lomini imbongi yomhlekazi ukuti:

"Ovuk' emini akabonanga nto;
Engayibonang' inamb' icombuluka,
Yinqab' enkŭlu isil'wesingaziwa mngxuma
Njengenkosi yalomlambo,
Sona silo singaziwa mngxuma."

Kwasekuba yingxube ukwakiwa, ama Gcaleka, nama Mfengu, nama Ndlambe ka Mhalla e-Dutywa. Kwamiselwa u-Mr. J. C. Warner ukuba abe liliso lika Rulumeni kwezo zizwe. Unyana wakė yena waya kongamela ku Lubisi—e-Southeyville. Yangu Captain Cobbe kuma Mfengu, yangu Fein omncinane kuma Gcaleka. Kutė ngeloxesha, afuduka kakŭlu ama-Mfengu ukusuka e-Ngqushwa nase Tyŭmi, nase Debe, awela i-Nciba Akavuma ukuwela u-Sandile.

## Eka Ngcayecibi—1877.

Le, yenye yemfazwe ezibalulekileyo kwa Xòsa. Ndiyakuke ndinabe kancinane ukubalisa ngayo kuba ndaka ndatètà ubuso nobuso no Ncàecibi, ixègo, emzini wakè e-Mbizana, Eastern Pondoland, apò wayefudukele kona ngo 1905.

Umf' omkùlu ubalisa uti kwakusilwe umtayi yimizi eyayimelene nowakè kwa Gcaleka usenzelwa umgidi wentombi yakè. Kwaye kwakukò utywala nakumzi womfo ekwakutiwa ngu Nqenqa, kutè xa amadoda asate-sa notywala beminyè imizi kwakò ibandla lama Gcaleka elaline nkosana yama Velelo lihamba nembongi engu Tyobosini. Londa kumzi ka Nqenqa, i-Mfengu, lafika ingumka Nqenqa yedwa egcine inkongo. Ezimambane zafika zabiza utywala ngegùnya. Umfazi utè akanakubanika bengekò abaninimzi. Zasuka ezindlobongela zatyòboza zabutàbatà utywala ngetshova, zabusela ngesinyokotò.

---

## Wahlatywa Umkosi.

Kwa oko umka Nqenqa wahlaba obandayo watsho kweva nokude. Akubanga kudala suka ama-Mfengu nama Gcaleka angati ngamazimba ecitàkele ukuputuma—umqa womel' epìnini yalixàxàxà iminqayi, amabùnguza, izikàli sezibanjwa emaxòřameni. Yesuka—yabaleka—eyama Gcaleka ka Mfihlo nebandla lika Mxoli. Kanti abancamanga abanzondo ifana neyemfene. Yabuya emva kwentsuku ezimbini. Ngoku umkòsi seuhlatywe waya kuma ngelama Mpondo nelama Ngqika. Agaleleka ama-Gcaleka; aza, ngalemini atimba umhlambi wenkomo zama Mfengu. Yatùkutèzeleka i-Rulineli—u-Sir Bartle Frere—wenyuka nomkòsi waza kutsho e-Gcuwa. Waza watùmela ukuba kubizwe u-Sařili. Akakatsho—indwebi elikùlu—kwancameka.

Abuya kwakona ama-Gcaleka, watelela ngenqu u-Sandile ku Centani nge 7th February, 1878, abuya enzakaliswa kakubi ama-Gcaleka. Aqala aziqonda ukugeza, ukulwa nabantu abalwa ngezulu lezandla—(machine guns).

Atshicel' esekweni—ancama. Kumhlanikezweni wacandwa umhlaba ube zizahlulo ezitatu: Idutywa, elama-Mfengu, elama Gcaleka. Lonke lipantsi kuka Captain Blyth, C.M.G.

Elama Mfengu lazizitili ezitatu—Nqamakwe, Tsomo, Gcuwa. Elama Gcaleka lazizitili ezibini—Centane no Gatyana (Willowvale), zako nefama zama Ngesi.

Yaba nezipumo ezilolohlobo imfazwe ka Ncaecibi.

# *E-Glen Gray.*

## AMA-GCINA.

U-Nkosi Valelo yeyona nkosi yongamele ama-Gcina kummandla wase Glen Gray. U-Mhlontlo ngunyana ka Tyòpo wase Xibeni, u-Mhlaba, unyana omkùlu ka Mpangele nanko ebùbèle e-Cefane ngase Nkondlo ema-Qwatini -Engcobo.

Obubukòsi bama Gcina ngati bubànge emva kwe mfazwe ka Stokwe. U-Nkosi Mpangele wabùbèla e-Lusutù, unyana wakè omkùlu waya kufaka intloko ema-Qwatini, akaya nabantu bakè ama-Gcina.

U-Patò ozala u-Tyopò yinto ka Bili ka Gudluma ke, yena u-Patò lowo wabùbèla ema-Qwatini pàntsi kwalontaba yase Nxogi e-Xuka kufupi nevenkile elapò.

Inkosi enkùlu yama Gcina eyawelela kumhlaba ongempùma kwe Ndwe ngu Tyopò, owafika wamisa e-Xonxa kundawo ekutiwa namhlanje yifama ka Mlanjeni, kulapò abùbèle kòna.

Unina ka Tyopò yabingu Tete intombi ka Kàuta into ka Gcaleka. Inkosikazi ka Tyòpo yendlu enkùlu yabiyintombi ka Ngubencùka yiyo leyo ke ingunina ka Mpangele.

Unina ka Mhlontlo tyòpo yabiyintombi ka Nkosi Mdutshane into ka Ndlambe ka Ràrabe.

Kekaloku umkuluwa ka Valelo Mhlontlo u-Matà-mba oyena nyana umkùlu kuyise wabùbà engazalanga kon' ukuze kuvelele u-Valelo ebukòsini base Xibeni. Yena u-Valelo uzalwa yintombi ka Notshwèleka into ka Myeki inkosi yama Mpondomise. U-Notshweleka ubùbèle ku Tsolokazi ngase Rodana pèzu komlambò

oli Cacadu entlangano yalo ne Xonxa, e-Glen Grey. Pȧmbi kokufudukela ku Tsolokazi u-Myeki wayemi e-Rwȧntsana pėzu kwe Cacadu.

Ubuninzi babantu abase Rhoda ngama Gcina nama Yiřha nama Dlomo (aba Tėmbü), kukȯ nama Qwati nama Gcaleka, nama Mfengu nama Lau. Bonke aba bajonge ku Nkosi Valelo Mhlontlo. Akȯ namanye amatshawe nabantwana begazi lakwa Tyȯpo, elakwa Dlomo (njengo Mfanta), elakwa Tshatshu nama tshawe asema Mpondomiseni.

# *Ama-Gcina ka Mpangele.*

Kutè ngapàmbi kwemfazwe ka "Ncàyicibi," (1877-1888 War), okuya inkosi u-Mpangele wayemi e-Mtsheko, (Glen Adelaide), efańeni yakè, watènjiswa yi Kùmkani u-Ngangelizwe ngomhlaba ose Batènjini pesheya kwe Ndwe, esiti u-Mpangele makawelele kòna. Kambe u-Ngangelizwe use Tyalaŕa ngeloxesha.

U-Mdukiswa, inkosana yama Jumbà nanko yena emi e-Tabase, kunye nama Jumbà. Ngumninawe ka Mgudlwa ke lowo. Ngeloxesha lonke i-Ciciŕa eli limiwe kupèla yimizana mibini namitàtù yama Bùlu. Undulukile ke okunene u-Mpangele wawela i-Ndwe wayakutsho eba-Tènjini apò emhlabeni ka Ngangelizwe. Waye ifama yakè ese Mtsheko seleyitèngise kumlungu wevenkile. Kutiwe u-Mpangele makeme e-Qweqwe, u-Ngangelizwe uzakuya kumbika e-Mtàtà, (ku Meje). Ufike wemisa e-Qweqwe apò ke nabantu bakè ama-Gcina abewele naye atè ke ukuwuma kwawo lomhlaba atàbatèla ekungeneni kwe Ciciŕa e-Mtàtà ada ayakuma nge Centule ne Zimbàna. Wakàla u-Mdukiswa, wakàlela ku Ngangelizwe. Uqùqè eqùqile, ukutùmela, u-Mpangele, ku Ngangelizwe okokuba woda asiwe ninina e-Mtàtà? Wasuka emzuzwini u-Ngangelizwe wapèndula ngelomsindo wati: "Ndinetyala kubanina ngokuza kwakò apà kulomhlaba wam?"

Wancama u-Mpangele waya kuzixela ngokwakè e-Mtàtà. Utè u-Meje ku Mpangele: "Ndinosizi ngawe, ubumelwe ukuziswa apà ngu Ngangelizwe." "Kekaloku akavumi. Kengoku wena uyadinga akunamhlaba." Kawuhlale ndide ndibonane no Ndabeni, ndobuye ndikubize." Epindile kutîwe kuye ngu Meje beno Ndabeni: "Hamba uye ku Maxongo ume kona adè u-Rulumente akubonele indawo Waza walekela wati kuye u-Ndabeni, maze u-Mpangele atòbele u-Rùlumente angaze alwe no Mbuso

ka "Vitoliya." Wavuma ke u-Mpangele, waya kuma nempi yakė ku Maxongo, emhlabeni obungoka Stokwė Tyali, (yena selesebu banjweni) inkosana yaba Tėmbu abangama Vundle, ebisuke yalwa no Rulumente ngale ka Ncȧyicibi watinjwa ke umhlaba walonkosana waba ngoka Rûlumente. Life ilizwe ngemfazwe yama Qwati, u-Mpangele nama Gcina besalime kwakanye ku Maxongo, Ehla ke! Asuke ama-Pȧkati amaninzi ati "ingatinina inkosi ukuba ngu "ndilele" kusiliwa ngamanye amakȯsi? "Lalincinane ke elilona ipȧkati lakė elicebise ngokuti inkosi mayiligcine ilizwi lika Ndabeni, ngokuba yona ayisenamhlaba inokulwela wona. Intoni! Angena alwa ama-Gcina, kȯn' ukuze acitwė u-Mpangele abalekele e-Lusutŭ, (e-Tlareni) apȯ abŭbėle kȯna emva kwoko yingqakaqa.

---

## U-Nkosi Dalindyebo.

U-Mhlekazi u-Dalindyebo inkulu yaba Tėmbŭ wazalwa ngo 1867, waqala ukulaula ngo 1885 eselula, wabŭbȧ ngo May 1920. Ulitole lika Ngangelizwe elizalwa ngu Novili intombi ka Sar̂ili ka Gcaleka. Ngexesha lokulaula kwakė umzi waba Tėmbŭ ŭtȧbatė amanyatėlo apambili kwi ntlambŭluko, imfundo, ubugqobȯka nakwezombuso. Yena ngokwakė wafunda kwi Sinala yase Clarkebury, engu Oliver igama lakė.

Ilifa elikŭlu alishiyele isizwe sake kukuseka i-Bŭnga laba Tėmbŭ ne Mantyi zika Rŭlumeni. Kwelinye ipėpȧ lale ncwadi wobona umfanekiso wamalungu e-Bŭnga Elikŭlu General Council—Amadoda avunyiweyo lizwe lonke ngengqondo yawo ukulaula imicimbi yomzi ontsundu. Lamadoda avela kwi ncam zone zemimandla epȧkati kwe Nciba nomda we Natala—ulwandle nolundi—ngapandle kwama Mpondo. Isitili ngasinye se-Mantyi (ezingama 27) sitŭmela ngevoti amadoda amabini—amalungu e-Bŭnga Elikŭlu.

Lamalungu e-Bŭngeni Elikŭlu aqulunqa etyise, ovuye, alahle, aqinisele izigqibo nezicelo zemali njalo njalo ezivela kuma Bŭnga ezitili (District Councils) onganyelwa zi Mantyi, kukȯ amadoda amatȧndatŭ onyulwe kwaseso Sitili I-Bŭnga Elikŭlu lona longanyelwe ngu Mongameli we Mantyi.

U-Nkosi Dalindyebo wayengemntu ukulunga, ububele, intlonelo xa etėtȧ nomntu nowalupina udidi. Waye ngaposisi ukuti: "Nkosi," "Bawo" okanye "Mhlekazi" xa atėtȧ nomntu. Walila wonke umzi ontsundu akutshonela. Sitsho sonke siti

"Hambȧ kamnandi Tȯle lesilo
Tȯle le Rȧmb' ėlinendevu lakwa Mtiṙaṙa
Pŭmla, Pŭmla Bėxesh' ilanga
Aliqal' elwandle aliyek' e-Gqili,
Pŭmla Mntaka Ngangezwe,
Mzukulwana ka Mtiṙaṙa
Ka Tato ka Zondwa
Ka Mngutu ka Nxeko.

---

## U-Jongilizwe.

Amanyatėlo atȧtyatwė ngunyana wakė u-Jongilizwe ayawutŭtŭzela umzi. Ngemfundo yakė awayifumana e-Clarkebury nase Dikeni, abantu baka yise ubakȯkėlela elukȧnyisweni. Wazibalula mhla ngotyelelo lwe Tshawe—Prince of Wales—mhla wenza isipo samashumi amahlanu enkomo ezingqukuva, exela ukuti uluxolo nombuso wama Ngesi.

Indaba zokugqobȯka kwakė ku Tixo zawuvuyisa wonke umzi ngokukodwa ibandla lakowabo lase Wesile. Ku ngoko sisiti

Nyatėla kuhle Mntan' e-Ròti.
Uz' ululame Mntan' elunga
Igazi lakò lixananazile,
Nalo kwa Bàca ku Ncapài
Ama Mpondomise naw' ayalibanga
Elakwa Gcaleka lilapo kuwe
Elika Tèmbù lona lingqingqwa
Wena kamisa kungen' ilanga,
Kamisa kungen' i-Mantyi
Kamisa kungen' abafundisi

# *I-Zimbane ne Qweqwe.*

## **Ukugxotwa kwama Mpondomise.**

Ngexesha lika Nkosi Joyi pȧntsi ko Nonesi wonke lomhlaba usuka e-Mtėbe ngase Qokolweni unyatėle e-Zimbȧne uyokutsho ku Kȧmbi yayingumhlaba wama Mpondomise ka Mditshwa. Makuti ngamhla utile, kufuduke u-Makȧla e-Ncambele efudukela ku Joyi e-Bȧziya. Asuka ama-Mpondomise akavuma ukuba ahambė nenkomo zakė. U-Joyi utė akuyiva lento watůmela u-Sotuku no Gangatȧ ukubȧ bazipůtůme. Ama-Mpondomise akakatsho azihlutȧ kubo.

Lempumelelo yawenza ama-Mpondomise aqȯlosa, yada imbongi ka Mditshwa—u-Mbanga—yamtůka u-Joyi ezibongweni zayo ngokuti

"U-Joyi unokwėkwė
Akasahlali pezu kwe Ntaba e-Xwili
Ngokoyika ukuhlatywa yimicinga,
Usiswenye sakwa Hala, (u-Xėlo)
Sabotshelwa ehashini,
Siti sakuhlika sitekul' indaba."

U-Xėlo waye ngu Nobȧla ka Joyi iciko lokutėtȧ wazalwa esisilima esingena kuhamba, ebekwa ehashini xa kuyiwa emcimbini.

Itė yakuvakala lento yatsho wavutȧ yingqumbo u-Joyi. Wabiza igqir̄a lakė u-Mbombȯ ukuba lilungise impi liyicėle liyelapė ifunze kuma Mpondomise. Njengesiko igqir̄a likangele esihlambėzweni labona igaqa lenyanga (moon) emafini ifunga u-Tseku udade bo Mditshwa. Igqir̄a

laxelela u-Nkosi Joyi ukuba, "Lilishwa lodwa pȧmbili. Asinakufunza kȕma Mpondomise kuba inyanga (moon) esihlambėzweni ifunga udade bo Mditshwa" u-Tseku. Bakȧtazeka bangxola aba-Tėmbȕ abano Mnqanqeni, bayalela igqiȓa ngamagunya ukuba liqongqotėle ubulumko balo liyiguqule inyanga ide izokufunga u-Nom-Kȓintsi intombi ka Ngubencȕka kuba Tėmbȕ izokupuma impi. Ayakitsho inyanga (moon) ukujika isifungo sayo. Bafunza noko abȧ Tėmbȕ. Yilomini aba-Tėmbȕ bafa njengembovane zishicilelwe lilitye—kwafa negqiȓa u-Mbombȯ lowo. Bafela kulendawo kutiwa li-Cibi lama Hala pezu kwe Zimbȧne.

Kugqitė ixeshana emva kweso sihelegu wanwenwezela ngokunye umsindo ka Joyi:

U-Jongijonono,
U-Ndimla zibuhlungu pȧkati,
U-Mka Mahondile udetsha nge Mpondo
Tȧfa elinamawul' ahlomkisayo,
O-Tȧtȧ libomvu.

Afunza amabandla ka Nxeko kwafunza nama Mpondo ka Nqwiliso:

U-Godloz' amatȧmb' entaba.

Apumela kanye kulendawo ino Mr. Elisha Mda ngoku. Ayakuncedisa ama-Hala usapo luka Nonesi intombi ka Faku:

Kwapȕtȕma nama Kȯnjwayo ka Gwadiso.

U-Qebeda Nobadini,
Umbȧ wesisu,
Uqatȧ lokunyatėla,
Usigwece sokufinya.

Wona awela e-Cumngce. Aqȕtywa ama-Mpondomise lomini njengokungati zinkumbi aqalwa e-Mtėbe zabȕqeka indlela ukuya ku Kȧmbı ayakulahlwa ku Tsolo nase Culunca apȯ asekȯna nangoku.

# *E-Ngcobo.*

## Inkosi Nezindlu.

Isitili sase Ngcobo yinxalenye yomhlaba ka Mhlekazi u-Ngangelizwe njengokuba uwonke upela ngamanzi e-Ndwe—kucala elingase Ntshona, ze ume ngamanzi o-Mtàtà kucala langase Mpumalanga. I-Kòwe (Elliot District) kunye nomi Hlwazi (Slang River) ne Ciciřa, wayinika ama-Dlagusha lomihlaba.

I-Ngcobo imiwe ngama Hala nama Qwati nama Jumba. Ngu Silimela obùbè ngo 1925 omi e-Quluqu eyona Nkosi yongamele ummandla wase Ngcobo. Amakòsi apetèyo pàntsi kwakè ngu Nxotò—A! Ligwa!! isibuliso i-Nkosi yama Jumba no Petile ka Langa—obambele intwana ka Nkosi umfi u-"Gulandoda" inkosi yama Qwati.

U-Silimela lo ungowase Qadini lakulo mfi Nkosi Dalindyebo—engunyana ka Ngangelizwe. U-Petile ngu mninawa wakokwabo mfi u-Mlilo—(Gulandoda isibuliso). Nanko ngasè nxoweni likayise umfi Langa Nkondlo.

U-Bòkleni Langa ngowase kunene, ke yena umi e-Mbàshe, ujongene nalontaba yase Gqaga ekwabulawelwa pàntsi kwayo u-Matiwane wamzuzu, ebulawa ngama Qwati kusiliwa edabini.

U-Aleki ngalimbi u-Nxoto (ngesibuliso Ligwa) yiyona nkosi 'nkulu yama Jumba. Nango umzi wakè eluqoqweni pèzu kwe Qùmanco. Unefama eyacandelwa uyise mkùlu u-Mgudlwa apo e-Qùmanco. U-Mgudlwa ngumkùluwa ka Mdukiswa ose Tabase. Bobabini zinto zika Jumba ukunene kuka Ndaba. U-Note Mgudlwa okwase Qùmanco nguyena uyinkosi yama Jumba ngelixesha, kucala lase kunene. (A! Tòbigunya elesibuliso).

U-Patrick Zibi unyana ka Ncanywa Zibi e-Tȯṙa yinkosi yama Hlubi. U-Gcuwa unyana omkůlu ka Gungubele yinkosi yama Tshatshu. U-Ndumiso ka Maseti umzuku lwana ka Menziwa inkosana yama Zizi use Ngqutuṙa.

U-Dumalisile umzukulwana ka Mbėkeni um Dlomo upėtė e-Mgwali—itshawe lase ba-Tėnjini.

Ama-Rėledwane ase Cefane pėzu kwe Xuka anenkosana yawo oka Mcobololo—u-Nkitȧ Gwama.

Ama-Rėledwane nama Dladla ngabantu baka Nkosi Dalasile Fubu. U-Nkosi Ncanywa, nama Hlubi akė, nama Zizi ka Pȯkwana (unyana ka Menziwa) bangabantu baka Ngangelizwe.

"U-Mahob' azizantanta kukoyik' ůkȯzi."

U-Ncanywa wavela e-Ncwazi kwa Ngqika wafika wacela umhlaba ku Ngangelizwe ezicelela yena kunye nabantu bakė ama-Hlubi—Ungunyana omkůlu kuyise u-Zibi inkosi yama Hlubi. Waza ke wanikwa i-Tȯṙa lonke njengoko lalinjalo, ngalawomaxesha. U-Pȯkwana Menziwa yena wanikwa i-Ngqutuṙa kunye no Nabileyo. Ama-Rėledwane nama Dladla anikwa ngu Dalasile—I-Cefane no Mgwali opėzulu. Baselapo ke bonke ababantu kwezondawo babe zipiwe, zezonkosi-mbini.

Nakuba u-Dalasile wayemi kunye nama Qwati akė kulo mhlaba ka Tato pantsi kuka Mtiṙaṙa into ka Ncůka, wayezipȧtėle ngokwakė abantu bakė kulomhlaba wayenikwe wona, kodwa wayemelwe kukubika enkosini yakë nayipina into engolaulo nempato yelizwe, U-Dalasile yinto ka Fůbu enkulu. Wayezele onyana abaninzi kunene. Ngu Langa unyana wakė wendlu enkulu. Omkůlu ekunene ngu Gwama nanko emi e-Sitȯleni. Unyana ka Langa wama zibulo kundlu enkulu wabůbȧ eseyinkwenkwe zinduma awazifumana edabini lamakwėnkwe e-Nkondlo. Umninawa wakė u-Mlilo—(wakokwabo) yena ebůbė esandul' ukubekwa ebukȯsini basema Qwatini washiya inkwenkwana yakė le ibanjelwe nguyisekazi u-Petile—Ligwa!

# *Ama-Qwati.*

## Izindlu Zawo.

U-Bòma into ka Mxùtu, um-Qwati wegazi, ozelwe ngeye Zembè omzi umi kucala elijonge ngase Ntshonalanga pantsi kwalontaba enkulu enehlati, egama layo lingu "Gulandoda," pezu kwe "Qutùba" e-Xuka, uti ukubalisa kwakè ngama Qwati: Ngawo la amanxiwa ama-Qwati ukuvela kwawo kwelase Mbò. Emva kwokuba ewelile e-Mtàtà, afike emisa e-Mbòlompo e-Mtàtà, e-Centuli, ku Nqwati, nase Bityi pàmbi kwokuze ke, azokuwela um-Bàshe emise e-Ngxeko, e-Ncanda, e-Nkondlo nase lu Hehewini. U-Mtshaba umzi wakè wabuse Ngxibana ngase Nqwati, pezu kwom-Bàshe. Oka "Fubu" umzi ubuse Ncanda pezu kwom-Bàshe, ngentla kwelo le Ntibane, pesheya kwe-Ntlangano ye Twàne nom-Bàshe, kodwa yena ubùbè selemi e-Ngcacu, pèzu kwo Mgwali, (umlambò), pantsi kwe Ngqokoto. Lilapo ke nanamhlanje ingcwaba lika Mhlekazi u-"Fubu," inkosi edumileyo kakùlu kuma Qwati. Nanamhlanje lendawo kusatiwa "kuse NGCWABENI."—Unyana wakè u-Sigidi Fubu, ubùbèle kònapo washiya unyana yena lo ngoku upètèyo, u-Holomisa Sigidi ka Fubu.

U-Mjobi into ka Tubu, wafa edabini kusiliwa ne Mfecane ekungeneni kwe Twàne ukuba lingena e-Mbàshe. I-Nkosi u-Dalasile wabùbèla e-Qòtà pàntsi kwo Hehewu, apò ebesélemi kòna. Umzi wa "Kwomkulu," (ka Dalasile), apò ubumi kòna ngexesha lapàmbi kwe Mfazwe yama Qwati, (eka Stokwè Ndlela) kuse Nduku, pezu kwo-Mgwali kweso namhlanje sisesika Sibonda Vetu Gcanga.

## IZINDLU.

Ama-Qwati azizindlu zintatŭ ezinkulu. Yimi-Tshaba, (i-Kwomkŭlu), ngama Sidindi ne Xhiba, (u-Sitokwė Ndlela) Ibingu Dalasile Fubu, eyona Nkosi yama Qwati onke. Inkosana ezipȧntsi kuka Dalasile yabingu Stokwė ka Ndlela no Sitȯnga into ka Mcȧba. U-Ndlela, inkosi yase "Xhibeni," ubemi e-Guba pėzu kwe-Ndwe. Kulapȯ abŭbėle kȯna u-Ndlela uyise ka Sitokwė. U-Stokwė Ndlela yena ebemi e-Ndwana, (umhlaba omhle kunene), wadutyulwa wafa kusiliwa nge Mfazwe le kutiwa yeyake, ngomhla we 17 November, 1880. U-Fubu ibiyinkosi ebidume kunene ngokukȧlipa, nokulunga nangobulumko ekulauleni kwayo. I-Mfecane bezingenako ukudlula zicande emhlabeni wakė. Ubelitėmba elikŭlu nentonga esekȯsi ku "Ndaba" i-Kŭmkani yaba Tėmbŭ.

### Imvelapi ka Fubu.

Yinto ka Lutshaba yase "Kunene" kunye nomninawe ka Fubu u-Nokŭtshwa, ozala u-Mbȯbi, ozala u-Ntaka ozala u-Mkȯntwana ka Ntaka isi Bonda sase Ngxogi nanamhlanje. Bobabini bazalwa yintombi ka Nqumbȧne um-Nzolo. Kekaloku inkosikazi ye-Ndlwenkulu ka Nkosi u-Lutshaba, intombi ka "Kȧwuta," ka Gcaleka ka Pȧlo Tshiwo, yabingazalanga. Kwatȧtyatwȧ ke ngoko unyana omkŭlu wase Kunene, u-Fubu lo ke, wenziwa "i-Nkulu." Wabuzuza ngalomini ke ubukȯsi unanamhlanje kusapėtė "ihlumelo" lenzala ka "Fubu," kuma Qwati.

### Ibali.

U-Matiwane, uyise ka "Mhlontlo," inkosi yama Mpondomise yabulawa ngu Fubu. Utė ngokuya u-Matiwane "apinda izitėnde," selevela kwelase Rȯda, wamshiya uyise efuna ukubuyela e-"Manxiweni akowabo," ema Mpondomiseni, waza ke ngoko wahamba esenza "iminquba"

esingisa kwelo lakowabo, wada waza kufika "elu-Kȧlweni lwe Nyanga," wemisa apo kwale minquba yakė, emhlabeni wama Qwati. Atė ukumndulula apo baya kumfikisa kulo "Ngxingwa" yase Gqaga, sekukude e-Rȯda kukufutshane kwela kowabo ema-Mpondomiseni. Wafel' apo e-Gqaga, u-"Matiwana" umtaka Myeki. No "Madikana" ngexesha lika Fubu, yabingu "Ndaba," i-Kȕmkani yaba Tėmbȕ. Ngamini itile kwafika i-Mfecane eninzi kunene e-Batėnjini, kwaliwa amaxesha ngamaxesha, kodwa bacitwa besaba aba Tėmbȕ. Waza u-Ndaba waya "kufak' intloko" e-Gcuwa, kwa "Rařabe," (ebukwėni bakė). Kodwa yena u-Fubu wahlala akaya ndawo. Inkosikazi ka Ndaba ibiyi ntombi ka Pȧlo, engudade bo Rařabe. Bengamakwė-nkwena ke ngeloxesha, u-"Ngubengcuka no Fadana" kunye nentwana yase "Kunene" kuka Ndaba, engu "Jumbȧ" lo uzele ama JUMBA. U-Ndaba utȧbatė wona lama kwenkwanana omatȧtȕ watȧbatȧ unina wawo kunye ne "Pȧkati" elitile wesaba nabo ukubėka ebukwėni bakė

Akapȧtwȧnga kakuhle nangembėko, apȯ ebukwėni. Usukile u-Fubu wayakubiwa u-"Nkosiyane," e-Qingqolo. Umpumo we "bȕnga" lezonkosi mbini ubesekutini, "i-Nkosi mayiyokubiwa,"—ibuye kwa Rařabe. Okunene kubenjalo. U-Ndaba wabiwa ngama Qwati eza naye evela kwa Gcaleka. Kwapuma inkosana yama "Bangula," u-Ncubeni ngegama, ikȕtshwa ngu Fubu nempi yayo, yamba u-Mhlekazi u-Ndaba nentsapo yakė, ne pȧkati lakė lonke yamgodusa, wafika, yambeka nje paya emzini wayo yaya kubika Kwomkȕlu ku Fubu. Ngeloxesha ke u-Fubu umi e-Ncanda. U-Ncubeni yena nanko e-Bityi. Kon' ukuze kuti emva kwoku u-Fubu afuduke ayokumisa e-Bumbȧna pėzu kom-Bȧshe, ngase Mnyolo. Afudukele e-Bȧziya u-Ndaba.

## U-Rarabe nama Qwati.

Ibali elibȧlwe ngabelungu lona liti u-Rařabe lo wafela e-"Hohita" kufutshane nentlangano ye Tsomo ne Nciba. Liti kwakȯna incwȧba lika Nkosi lowo lingakwezo ntaba

zase Mabèle!!! Ama Qwati ati wona u-Rarabe lo wabulawa ngawo. Nendawo afele kuyo ati kupezu kwe Xuka, pantsi kwalonduli yase Ngxogi, apò idabi labelikona, elodabi wabulawelwa kulo u-Rarabe No "Cebo," unyana ka Rarabe, ufe kusiliwa edabini kwakulo mhlaba wasema Qwatini. Nguye obulewe kuqala. Uyise uqunjiswe yilonto ukuze nje apùtùme, afunze, alwe afe. Ama Qwati ngeloxesha ayencedisa ama Gcina. Ngati ke isizekabani yintombi ka-Rarabe, egama lingu Ntsusa, eyabisendiselwa ku "Bili, i-Nkosi yama Gcina, uyise ka Pato obelumelwane luka Fubu, e-Xuka.

## U-Ntswayibana no Noni.

U-"Dikela" uzele u-Ntswayibana no Mfusi no Noni, kumfazi omnye njengokuzana kwabo. Akuba selebùbile u-Dikela, u-Ntswayibana, lo ushiyeke nobukòsi, bahleli mzinimnye nomninawe wakė u-Noni: waza yena u Mfusi wano wakė. Utė u-Ntswayibana akufika amatyala apò kwomkùlu, "watètė mninawe!" esitsho ke ku "Noni." "Mna ndisaya endimeni," (exela ukuya kuhlakula). Watsho watì ku Noni: "Wagwebe angakuxakanga, uyeke akùxakileyo." Wenjenjalo okunene, u-Noni. Emzuzwini u-Noni ucele inxuwa apà kumkùluwe wakė, esiti: "Ndifuna i-Tànga lokwenza umzi wam." Wavunyelwa ke ngu Ntswayibana. Waqala ke ngoku u-Noni waba nomzi wakė. Asuke amatyala, anqumlezela ku Noni, kulandawo ilitànga!!! Wasuka wati yena u-Ntswayibana.—"Ngumzi wam lowo,—wagwebe."

Isifundo: Into nayipina itàbatèla kwenye, ukwenzeka kwayo. Ke ngoko ke, akukòntw' itèni ibingatàngani. Kutė ngelinye ixesha u-Noni waya kwendisa intombi yakė, ku "Mposiwe Sebeni," inkosana yama Ngxongo, (aba Tèmbù), abevananga ngenani lekàzi emalilotyolwe. Waza u-Sebeni ebèkisa kubendisi abo, wati: "Lemfamana yakuni iyazidla!" Ewe amehlo ka Noni, wona ebenga lungelelananga kakuhle nakuba ke ebeyinkosi. Abendisi

bafike bambikela u-Noni, ukuba "utůkiwe," waza ke yena waya kumkůluwe wakė wati nditůkiwe. Utė ukůpendula u-Ntswayibana: "Kutůkwe wena akutůkwanga mna!" Umkile ke u-Noni wafika waseleyihlanganisa impi elunge ngakuye kwanaleya inga-Kwomkůlu, "wayitėtȧ," wayifunza kuma Ngxongo yawacitȧ yatimbȧ inkomo yabuya nazo. U-Ntswayibana utůmele ku Noni, ebiza "amaxȯba," kuloko u-Noni yena upendule ngeliti—"Akutůkwanga wena, kutůkwemna." Yaqala ngoku impi naleya ibinga Komkůlu yabuyela ku Noni,—ngenx' enokuba kaloku amaxȯba akahlutwȧnga ngu Ntswayibana ku Noni!!! Waba ke u-Noni uyabuzuza njalo ubukȯsi. U-Ntswayibana ubůbė isizwe sama Qwati sesipetwė ngumninawe wakė u-Noni. Unyana omkůlu ka Noni ngu Mtshaba; u-Sdindi no Gcaleka ngaba ninawe bakė bakokwabo. Bakȯ ke abanye abaninawe baka Mtshaba; u-"Ntondo," u-"Mxhiya," no "Mncayi." I-Komkůlu lase Maqwatini yimi Tshaba, e-Nkondlo, apȯ abůbėle kȯna u-Langa ka Dalasile. Kutiwa utė u-Noni kwakubůbȧ umkůluwe wakė u-Ntswayibana, watȧbatȧ u-Mtshaba into yakė enkulu (ka Noni), wayifaka kwa Ntswayibana, u-Sidindi wamsa kwenye indlu yakė waza yena (Noni), wahlala kunye nonyana wakẹ u-Gcaleka. (U-Kunene kuka Noni).

# *Intloko Zamadoda Engcobo.*

U-Silimela, (A! Tòb' igunya!!), yindoda eseyinomvo omkùlu ongapaya kwama 50 ubudala. Yinto ka Ngangelizwe yase Qadini lakulo Dalindyebo ezalwa ngu "Nobàtyi," unina. Umtaka Ngangelizwe otàndwa kunene ngaba Tèmbù bakowabo. Inkosi etànda abantu, enobubele, incoko neciko. Onyana bakė abakùlu ngu "Jonginyati," owendlwenkulu no "Hlatikùlu," owase Kunene.

## Edward Note ka Langa Mgudlwa.

Yindodana ekuma 35 nama 40, iminyaka ubudala. (A! Tòb' igunya!! elesibuliso), yinkosi nesi Bonda sakwa Rulumente sama Jumba. Umzi wakė use Qumanco kwesika "Note." Ngunyana wase Kunene kumfi u-Langa Mgudlwa. Yinkosi elungileyo enobuntu nobubele, waye umfo lo eliciko etàndwa ngabantu bakė. Unayo imfundwana awayifumana e-Lovedale. (Wonke umzi wakwa Mgudlwa, upantse ukufundisa e-Lovedale kupela). Kungenxa yempembelelo zomfo ka Sihlali, (mfi Rev. S. P. Sihlali), konke oko.

## Harold Mgudlwa, (u-Galeni).

Lo ke ngu Nobàla we Bùnga lesi Tili sase Ngcobo, umninawe ka Matsolo Mgudlwa, (A! Hlatikùlu!!), into enkulu ka Falo Mgudlwa omi yena pesheya kwe Qùmanco, kum-Mandla wase St. Marks, (kwesika Matanzima). U-"Galeni" kunye no Matsolo bafunde e-Dikeni. Nabo basisiqamo somsebenzi omhle kunene ka mfi Rev. Sihlali wodumo lwase Lucwecwe, apò kwesika Mgudlwa. Yindo-

dana ebekekileyo, ezitöbileyo, etända bonke abantu engazibekanga bukösini kwatini (kwatini). Uluncedo olukülu kunene ebantwini, e-Ofisini yase Ngcobo.

## Longden Sotyato.

Into ka Gwada Sotyatö, (umfi), into yakwa Mhaga i-Mpondomise, ngu "Frank," (wabübä), ngu "Gedi," no Longden Sotyatö u-"Mcutü," isi Bonda sase Clarkebury. Umzi wakwa "Gwada" ngumzi omdala apö e-Clarkebury. Yindoda yama doda ke le. Kwezase Lizwini nakwezokumiwa komhlaba, u-"Mcutü" uyintsika yezinto zonke malungana namacebo okusiqübela pämbili i-Sizwe sako wabo. Nasekwakiweni nokude livulwe elo Bötwekazi lendlu ye Tyalike yase Clarkebury, kutsha nje, u-"Mcutü" utäbatė inxaxeba ebanzi kakülu kulowo msebenzi. Ngu Mshumayeli wase Wesile.

## Kilili Poswayo, (A! Godongo!! elesibuliso).

U-Kilili ka Mtshana Poswayo, uyenye yentsika ezibalaseleyo kulom-Mandla wase Ngcobo. Umzi wakė upėzu kwe Xuka, "Eludadeni," emanxiweni amadala ama Sdindi. U-Kilili mdäla kakülu kanti ubuso bakė abunalo nolunye udevu!! Womelele ngati useyindodana. Nanku umfo owe evuka esebenza ngamandla akė onke, ukusiqübela pämbili i-Sizwe sakowabo ama Qwati ngezenzo, imisebenzi namacebo apilileyo. Ilumko neciko. Inkokeli kwanendoda elitėmba ebantwini nakwa Rulumente naku Bafundisi ngokufanayo! Umkütäzi nompėmbėleli kwanomxasi oshushu we Lizwi lika Tixo nobu "Tshetshi" basema Qwatini.

Ixesha elide wayebambėle "umninawe wakė," ebu Bondeni base Nyanga, waza ekubübėni kwakė (umfi P. D. Poswayo), wabubambėla unyana ka "Fulepu" lowo, ongu

"Tomu," (Thos. W. Poswayo), wamkululela bona malungana nonyaka we 1921. U-Mr. Henry Ngcubu Poswayo, igqweta lo usandul' ukububa ibingunyana omkulu ka Kilili Poswayo.

## Vetu Gcanga.

U-Vetu Gcanga sisi Bonda esidala saku Manzana. Ngumfo wasema "Ndileni," i-Mpondomise. Ilali yake ishwankatele u-Manzana, i-Nduku, (i-Nxiwa la Komkulu lika Dalasile, lilapa e-Nduku, kanye kuyo lendawo inalomzi ka Mr. Paul Kamnqa wasema Ncotsheni), e-Goboti, u-Mgwali osentla nosezantsi u-Tsazo, i-Ngcobo nase-Mdeni. Uzalwa yintombi ka Fubu, (u-Gcanga uyise ka Vetu). U-Vetu ngoku sele mdala ubu Bonda ubukululele kunyana wake omkulu, u-George Gcanga obekade eyititshala ixesha elide wada wa "pensilwa."

Kwanaye u-Vetu seletsala i-pensile. Ngomnye wamapolisa ka "Ndabeni," (Col. W. E. M. Stanford), owayeyi mantyi yase Ngcobo, ngexesha lemfazwe yama Qwati, (1880 War), owamkapayo ekunye namanye amapolisa bayakumfikisa e-Dodolorho, u-Ndabeni, ukuze ama Qwati ashiyeke ezitshisa i-Ofisi zika Rulumente zase Ngcobo. U-Vetu yindoda edume ngokulunga kubo bonke, nanamhlanje usatandwa kakulu ngabantu ngenxa yokukwazi kwake ukubapata abantu. U-Vetu kwakudala walugenga yena ucango kuzo zonke imvaba zobu Tyalike ezibe zifuna ukusebenza pakati kwe Lali yake. Izindlu ezimiyo namhlanje zama Hlelo ngama Hlelo ziyakushumayela oko. I-Wesile inezindlu e-Goboti, e-Nduku ezipantsi komfundisi oku Bojane. I-Tshetshi inendlu ku Manzana, (u-Vetu isiqu sake yena ngum-Tshetshi), nase Mgwali onga sezantsi. Ama Tiyopiya nawo anendlu ye Cawa.

### Ganiso Kula.

Yintw' enkulu kamfi u Faku Kula, into yakwa Qiti um-Tèmbù wase Mgwali osezantsi kwesika Vetù. Umelene nento zo Sondlo, (umfi Booi Sondlo, um-Ndungwana), nezo Nobaza nabanye ke. Le ke yíndoda elukùni elitèmbà lomzi wakowayo lo uyi "Congress." Nguye lo ke u-Mhlali nga Pàmbili wesebe lalo "Ntlanganiso" elikulom-Mandla wase Ngcobo.

---

### Umfi u-H. S. Mcaciso.

Ngunyana omkùlu ka Sibinda Mcaciso ummi wase Gqobonco. Wafunda e-Mgwali, (Clarkebury), kwangexesha le 'Seventys' wapuma wafundisa ku Njombela, (ku Mbànga), wada washenxa waya kungena kumsebenzi wakwa Rulumente pantsi kwe mantyi u-'Major' Boyce, Emjanyana. Wada waba lipolisa elingu Nobàla kona wada wa "tshintshelwa" e-Ngcobo ngexesha lika "Ndabeni," (Sir W. E. M. Stanford), lokupeliswa kwe Ofisi yase Mjanyana. Usebenze kakuhle kona pantsi kuka Ndabeni kwada kwafika u-"Gwadiso," emva kwakè kwafika u-"Faku," (Mr. C. J. Warner), waye ngoku sele ngu Nobàla ne Kumsha lase Matyaleni, e-Nkundleni yase Ngcobo. Ingumfo obekekileyo enobuntu notàndo kumntu wonke, engenalucalulo. Waye umfo lo etàndwa kakùlu ngaba Tèmbù, ngenxa yesimilo sake esizolileyo nesinembèkò ebantwini nasema Kòsini. Ugule sisifo semi Pùnga, amagqira amcebisa ukuba aye kumhlaba welipèzulu, wase Freystata. Wanduluka ke waya kutsho kwasibali wakè u-Rev. J. Conjwa, e-Burghersdorp. Kulapò waswelekela kona ngo Feb. 1899.

### Umfi u-P. D. Poswayo.

Lo ngunyana ka "mfi u-Ntshacile" wodumo lwase Nyanga (late Thomas Poswayo). U-Ntshacile, ungum Sdindi ngobuzwe nombuso. Waye elipàkati elaziwayo komkùlu kwa Dalasile. Lelinye lamapolisa ka Ndabeni elazimela kunye naye e-Ngcobo, pambi kokuze zitshiswe izindlu ze Ofisi yakòna. U-"Fulepu" wafunda kusikolo sakowabo, sase Tshetshi, e-Rini. Ebuyile kona uke wabamba kancinane emagqwetèni pofu selevela ebutitshaleni naye. Ude waza kungena ebupoliseni bobu nobàla e-Ofisini yàkowabo e-Ngcobo ngonyaka we (1894). Kute kwakubùbà uyise u-Ntshacile, ngowe 1897, ù-Fulepu wenziwa isi Bonda sase Nyanga endaweni kayise, waba ke ngoku ngu "A! Fulepu!! pofu esemsebenzini wase Ofisini waye ebu Bondeni bakè ebambise "umkùluwe" wakè, u-Kilili, into ka Mtshana.

Kutè kwakubùbà u-Mr. H. S. Mcaciso kwabekwa u-Fulepu ebu Kumsheni nobu Nobàla base Ngcobo. Uyiqùbe kakuhle ngokuncomekayo yomibini imisebenzi atwaliswe yona kwa Rulumente, kwada kwase kugqibeleni. Umfo ozolileyo, opolileyo naxeshikweni selepàkati kwengxoxo ezishushu! Iciko nelumko elinengqondo enzulu. Umfo onesi Tùnzi obekekileyo, ukanti lomfo noko anjalonje ululamile unobulali unokusondelwa nangumtwana! Nanamhla umzi wase Ngcobo usatètà "ngo Fulepu." Wabùbà ngomhla wesi 7 January, 1908, e-Nyanga apò ebemi kona, waza wangcwatywa kwalapò.

### U-Mr. James M. Nyanda (Ixego).

Uyise womhlobo wam otè wayityebisa lencwadi wazalelwa e-Twècu ema Gqunukwèbeni ngo January, 1833 wabàptizeshwa ngu Rev. Mr. Young, e-Wesile.

Wafunda e-Famala nase Salem, wayi Titshala e-Zeleni, wabuya wangu Mvangeli e-Ngqushwa. Kute ngo 1872, wangenela ubu-Fundisi, walatėlwa e-Gcuwa ngo 1875 endaweni ka Rev. J. Mahonga, wapȧntsi kuka Citūmsi (Rev. E. J. Barret),, walatėlwa nase Tsomo, nase Dodolora, wabuyela ebu-Vangelini abūbėle kubo e-Famala nge 13th May, 1907.

Ebufundisini wayekunye no Sigenu, Ntikinca, Tile, Matyolo, Tuta, Menye.

Inqu Nyanda wacitȧkalela ema-Mpondweni zi-Mfecane zika Tshaka xa ayindodana, akahlala apo, wadlulela eba-Tenjini. Ngapambi kwemfazwe ka Hintsa wenziwe umngqungu wenkosazana yaba Tėmbū eyendela ema-Gqunukwebeni ukuze abe ngummi walapo. Uyenye yamadoda amzuzu asebenzayo ukubuyisa i-Afrika. Akwaba amatȧmbo akė angapūmla ngoxolo.

---

## J. M. Nyanda (Unyana).

*(U-Ngxangxosi).*

Wazalwa nge 10th October, 1869, e-Rȧmnyibe kufupi ne Qonce—i-Bėle lakwa Nyati lakwa Mtsholo-Nkominala lakwa Madiba ka Ndabezitȧ ka Langa ka Bėle wase lu-Hlangeni. Uzalwa yintombi yakwa Mtungwa udade bomfi H. S. Mcaciso. Esemncinane wayejikeleza nobu-fundisi buka yise, wada waya kufunda e-Dikeni ngo 1890 eku Std. IV., wagqiba ngo 1893. Ngo April, 1894, uvule isikolo e-East Bank e-Monti, wadubula iminyaka emitȧtū. Utȧbatė ubu-Titshala esinaleni e-Blythswood, 1897, waqūba wati nge 14th June, 1897, watȧbatȧ isebe lombuso pȧntsi kwe Mantyi Engcobo.

Watshata nodade bo Rev. J. J. Xaba wabūbȧ, wapinda watshata ngo 1908 neka Mr. Booi Makasi ema-Qwatini. Uneziqiniselo zamava, nesimilo kwa Rūlumeni. Upumle

e-Lady Frere. I-Afrika iyaqayisa ngonyana wayo. U-Tixo amsikelele. Umzi ufanele ukubulela yena ngamanqaku akule ncwadi ngama Qwati, Ngcobo, Glen Grey. Umbâli ebehlela ehluza kupela.

---

## N. S. POSWAYO.

UMFI UGQWETA POSWAYO.

U-Ngcubu lo waqala ngokufunda ezikolweni eziliqela e-Nyanga (All Saints), e-Mtâtâ, e-Zonnebloem (Cape Town), waza wawela ngo 1904 wayakungena sikolweni sinye no Don ka Jabavu e-Colwyn Bay Institute, North Wales, awati emva koko wayakuhlala e-London kwakunye nom-Ngqika lowo balala bêdini-nye ngokwabantwana abazalanayo iminyaka emine. Wayebukali ngokwesitshetshe esiloliweyo ezifundweni zomtêtô u-Ngcubu lo e-Lincolns Inn, Chancery Lane, wazityûtyâ zonke imviwo engazanga wawa, waza ke wagoduka enendwe yobu "Barrister-at-Law," le kutiwa yi "Advocate" kweli lizwe.

Ebuyile apa kubonakele ukuba makangenele ubu-Solicitor ukuze abe nokusebenza kuba imitêtô yase Koloni ayifani neyase Transvaal apo i-Advocate inokusuke ibe yi Attorney ingaqeqeshwanga yenye i-Attorney. Okwenene ube netamsanqa lokwamkelwa ngu Mr. Garcia wakwa Cofimvaba umtandi wa-Bantu owema ngelake kulonto wanyamezêla izinyeliso zamagwangqa awayengavûtwa yinto yokuba umntu omnyama anikwe isonka esifanele abelungu bodwa. Nalapô wazitya ngetâmo elinye zonke imviwo ukuze ayekuvula eyakê i-Ofisi e-Ngcobo oyise oyisile ematyaleni, awahlâlise kakubi amanye amagqwetâ amhlope.

Ibinqabe kakûlu into yokuba alahlwe lityala kuba ubedibanise ubulumko bendalo yobu Xosa bolwazi lomtêtô kunye nemfundo. Ube pambili kuwo onke amagqweta amnyama antsundu ngendawo yokuba ube ngenanto

neziselo zotywala isikùbekiso esaziwayo ke eso kwimfundi zetù, engenanto namabinqa, esinye isiwo esibanzi. Ebeligqobòka lenene lase Tshetshi nelixatyisiweyo ngabafundisi. Umzi ubewupàkamisile ngentsebenzo yake engenasikwàsilima, ebiza amanani apàntsi ngamatyala, ebavela abapàntsi, engazicengeli kubelungu ngokutengisa ngamawabo, ede lonto yenza ukuba awacinezele kanobom amagqwetà amhlope emsebenzini. Ebelinene lenyaniso enesimilo esingena càpaza, ezitòbe enobulali obungumangaliso obubonisa imfundo ecolekileyo, engenaratshi. Wayeyindlali epàmbili ye-kriketi oko waye Pesheya engena kushiyeka kwiqela elipàmbili ngepini nangokuqengqa.

Impilo yake ngelishwa yasoloko iye etè-etè, ekatazwa luvalo kwase butsheni bake, atè kule minyaka yokugqibela wangenwa sisifo esisezi nzulwini zemitambo nase zintsweni esiwanqabele ixesha elide amagqira wawafumana sekusemva awona asiqondayo esisifo, ingcutshe zase General Hospital e-Rautini.

Usapo lwakè ulushiye kakuhle ngemiyolelo nemali nemihlaba ezifama ezintàtù ezipilileyo kuba ebengumlimi wodidi olupàmbili. Nanzo ke indlela zokuyipàkamisa i-Afrika. Ulahlekelwe kakùlu umzi ontsundu waseba Tènjini ngokusweleka kwelitshawe.—("Imvo," February 2nd, 1926).

---

## Mr. Elisha F. Mda,

UMTATA.

Elitshawe lazalelwa e-Mncotsho kummandla wase Qonce ngo 1864. Abazali bake yayingabantu basebumnyameni, kodwa bamfundisa e-Mbùlu wada wapumelela waya kufunda e-Dikeni. Wabupumelela ubu-Titshala, waza wafundisa iminyaka elishumi nambini. Kute ngo 1894 wangena emsebenzini wakwa Rùlumeni (Civil Service). Yeyona toliki indala yo-Mongameli-Mantyi abasixènxè

ukutàbatèla ku Meje (Sir Henry Elliot). Wayetolikela Inkulu-Mbuso ezifikileyo e-Mtàtà, o-Sir Gordon Sprigg, Right Hon. W. P. Schreiner, General Botha, General Hertzog, ne Rùluneli ezibo Sir F. Hely-Hutchinson, 1903, Lord Gladstone, Lord Buxton, ne Prince of Wales, 1925. Ngoku ungumpùmli efameni yake e-Ncambedlana, ulilungu le Bùnga. Pàkati kwe Nciba ne Natala ubalwa namadoda ambalwa kakùlu apambili ngobutyebi. Edolopini e-Mtàtà izindlu zake ziqeshwa ngama Ngesi odidi olupàmbili. Unyana wake u-Simon nanko e-Lusikisiki ingcapèpè yetoliki ye-Mantyi into engati iyakufuza uyise ngenxa zonke. Inkosikazi yake ngowaye ngu Miss Leah Mzimba imfundikazi yodumo e-Dikeni. U-Mrs. (Rev.) W. Yako e-Ngqushwa yintombi yomnumzana Elisha Mda.

I Afrika mayizale iwaka lamadoda anje ngo Mr. Mda.

---

## U-Mr. Enoch Mamba.

### Lota Idutywa.

U-Mfi Enoch Mamba wayeyinto yakwa Ndzaba, e Lotà, kum-Mandla wase Dutywa, kufupi ne Sinala yase Clarkebury. Wayengenamfundo ingakanani, nakuba waye ke abe yetoliki ye Mantyi e-Dutywa. Kodwa wayenengqondo yemvela engumangaliso, ikàlipa lesitèti, into ebide maxa wambi inge yonela pàntsi. Kanti hai! isendleleni. Yakà umzi iwuhlahlela amalungelo awo.

Kwi Bùnga elikùlu e-Mtàtà ubehlonelwe esoyikwa njengengonyama ngabamhlope nabantsundu, kwada kwako nabati li "Bùnga lika Mambà." Wayengelilo ipàhla ndlela; engatèngi buso bamntu, nobuka Rùlumeni ngenyaniso ayibonayo. Izimvo zakè zazipangàlele, engajonge mpilo nangeniso yesiqù sakè ngapezu kweyesizwe sako wabo.

Wakå wada wenza ilinga lokuvula isikolo somzi ontsundu esingapėtwe-hlelo—"Public School" apo e-Lotå esasiquba imfundo epåkamileyo—i-Matric ne B.A., wafuna ingcutshe zetitshala ezintsundu ezinentshinga (Degrees) ezihlaula ngeyakė imali. Esisikolo saqůba ixesha leminyaka; kwabuya kwabonakala ukuba inkonjane le ilipångele ihlobo; umzi ontsundu usashwabene yingqele yobusika bengqondo, akwabiko nxaso—savalwa.

U-Růlumeni ubonakalise ukumhlonela okukůlu u-Mambå. Igama lakė lanikwa isititshi (Station) sika loliwe "Mambå Halt" kufupi nomzi wakė. Wayengumxåsi omkůlu we Lizwi nakuba wayengati akatsali kunye naba påti balo.

Ngobubele wayeyindlezana ekaya nasekuhambeni. Balandelana no Nkosi Dalindyebo ukulishiya elipåkade.—Ah! Ndzaba!

---

## U-Mr. C. K. Sakwe,

(IDUTYWA).

Lomnumzana wazalelwa e-Colosa, apo uyise noyise mkůlu babůbėle kona bengamapåkati ka Hintsa. Ungumshumayeli e-Wesile—itėnjwa eseketėni yakowabo. Wafunda e-Clarkebury ngo 1907. Ngobunkedama akabanga nakufikelela kwimfundo epåkamileyo. Waziquba ngenyameko enkůlu, ude wangenela uviwo Lomtėtö (South African Law and Administration) ngo 30th November, 1926.

Elinyatėlo ulitåbatė ngokubona ukuba abantu bakowabo bamana ukumpåtisa imicimbi yabo yobuzwe ebalulekileyo. Make silande senjenje:

Ngo 1908 waba yitoliki yegqwetå e-Dutywa.

1909-1911 waba yititshala enkůlu.

1912-1916 wangu Nobåla we-Mantyi e-Dutywa.

1916 unangoku ngu Nobåla-ndyebo we Qůmřu laba-Ntsundu e-Dutywa, engumongameli njenge Mantyi kanye kuwo wonke umsebenzi we-Qůmřu lo Dipo lwe Nkomo—(solely responsible for all the Administration work of the Dipping operations, and acting on behalf of the Committee).

Ngo 1918 unanamhla waba lilungu le Bůnga elikůlu lase Mtåtå apo avunywa ngabamhlope nabantsundu ngobuciko nobunkokėli, incoko, ilulama, Inene umfo ka Sakwe. Ngoku ulilungu le Nkomfa ka Růlumeni e-Pretoria nakwi Qůmřu lika Nokoleji. Mayibuye mfo ka Sakwe!!

---

## Mr. Simon P. Gasa,

XORA—ELLIOTDALE.

Elitshawe lazalwa ngo 1838 usomelele ezitåbatå nezalatiso zakė zobushumayeli. Inkosikazi yakė yazalwa ngo 1841 nayo isapilile. U-Mhlekazi lo ungumpumli ebu poliseni nase bubondeni. Unyana wakė usesikůndleni sakė. Wayengummi wase Xesi e-Annshaw eyitoliki ka Vulindlela u-Rev. Charles Lamplough. Ngalawo maxesha wayelilungu elomeleleyo lika Nyanga Ntatů e-Wesile. Wapumelela ukoyisa incaso yama Hlubi kwi gama lika Charles Påmla ukungenela ubufundisi. Ama Hlubi ayengamfuni u-Påmla ngenxa yokutiya kwakė utywala.

U-Gasa wafudukela e-Xořa, (Elliotdale) apo waba yi Sajini yamapolisa ixesha elide ekwa ligosa le Seketė. Wasebenza nabafundisi ukutåbatėla ku 1892.

Ubengumntu onesisa esikůlu. Ebu-Tyalikeni bebandla lakowabo ube no Mvangeli obehlaulwa nguye, one hashi

alinikwa nguye xa kukò ityala eseketèni yakè ubelitwala ngokwakè, abahlaule abafundisi isondlo sabo. Ubede agqitise anike umfundisi inkomo yokusenga. Atùmele enye yakwapùsa enye.

Waba lilungu elixatyisiweyo le Nkomfa elitènjwa Komkùlu kwa Ngangelizwe no Dalindyebo. "Guga sitebe kad' upàkela."

---

## Headman Petros Poswa.—XORA.

AH! NDLOVU—MALUNGA!

Usibonda Petros Poswa ngunyana omkùlu ka Joseph Poswa, ozalwa ngu Smith Poswa e-Qoṙa, Idutywa. Ulilungu le Bùnga elikùlu e-Mtàtà, okoko lasekwa. Unefutè elihle kweze Lizwi. Inqu ka Poswa wayezeke ubèlukazi lwalawa Mangesi aqèkekelwa yinqanawa i-British East India Company malunga no 1750.

Intombi zika Poswa lowo, ezingodade bo Smith no Joseph, no Daniel wodumo lwase Qaukeni, zezo zendele e-Xoṙa. Eyokuqala yazala ama-Langeni la afunga u-Nomniki (inkosikazi ka Rev. J. S. Mlonzi). Eyesibini e-Lusikisiki yazala ama-Canham—odumo lwalapo. Eyesitàtù e-Mgwali—Clarkebury—ama-Fodo la ase Ngqeleni afunga u "Nozikade," inkosikazi ka Rev. F. Nomvete.

Unqulo lwama Poswa lolobu Kristu obunzulu, benesipo sokuxilonga—basicane isigulo somzimba kungengamfundo. Apò bakòna lobakòna ifutè lobu Tixo. Baye ngokwabo belihlonele igama lika Tixo.

# *Mtata District.*

Sisitlli esihlala inkosi ezinkulu zaba Tèmbù. I-Komkùlu lise Tyàlaťa. Sendiyicazile kwezinye indawo malunga nomgca wokuzalana kwenkosi zodlame—ezomgquba. Masendisenza nje lama nqabazana.

U-Jongilizwe inkosi-nkulu yaba Tèmbù ngunyana ka Dalindyebo, ezalwa yintombi ka Makàula kwa Bàca u-Nohajisi. Yena u-Nkosi Dalindyebo ngumfo ka Ngangelizwe, unina ngu Novili (u-Nomkàfule elakowabo) intombi ka Saťili kwa Gcaleka—leya kwafa ilizwe ngayo ngexesha lika Ngangelizwe.

Umninawa ka Dalindyebo ngu Mťazuli, ize u-Silimela abe ngowe Qadi lakowabo ukwi sitlli sase Ngcobo. U-Ngqebe kukunene kuka Ngangelizwe. Udade wabo Ngqebe ngu nina ka Nkosi Poto—umfazi ka Bokleni ema Mpondweni. Unyana ka Ngqebe ngu Ndumiso nanko e-Mpèko e-Ciciťa.

E-Ncise, ngama Ngcingane ama-Mpondomise apètwè ngu Maxòngo into ka Mgolombane ka Ngaleka.

E-Zimbàne ngu Hagile—Maxwèle kwa Ndlovu i-Zizi.

E-Mtèntù ngu Mcapukiso into ka Mbande umfo ka Menziwa i-Zizi, ukuze imbongi itl:

Ninasikàlo sanina
Mamfengu akwa Dlomo,
Awanik' u-Mtèntù
Watyeb' amazimba?

U-Mtata lelona komkulu layo yonke imimandla epakati kwe-Nciba nomda wase Lusutu nowase Natala. U-Mongameli Mantyi uhlala apa. Umlilo wokulaula nowama gunya wokiwa apa ku Mongameli wemantyi ezingama 27 kunye nenkosi, namapolisa, nogqiťa bezifo zempahla, nogqiťa bezifo zabantu o-Mahlatini, o-Nondlela, o-Nodipa, o-Nondyebo be Bùnga, o-Nolimo, o-Nocanda—bonke ba-

laulwa apa. Yinto leyo esuke itsho ibòtwe lekomkùlu—Public Buildings—zipitizele ngabasebenzi abangamacùle, ocwènene abamhlope nabantsundu. Zilapa into zo Butuma u-I itoliki ka Mongameli no Mr. Mnyani itoliki no Nobàla wenkundla yamatyala, no Mr. Gwabeni, no Mr. Mtombeni,—izinxiba mxàka i-Sajini zamapolisa—Abanumzana J. W. Ntshona, T. Makìwane, E. Mzimba, Ntloko balapa bangonobàla netoliki ze Bùnga.

Amakalipa alwela umzi ontsundu alapa into zo Qwelane, Finca no Jacques Ntobongwana.

# *St. John's College.*

---

## UMTATA.

Lo ngumzi obalulekileyo kwibandla lama Tshetshi, nakumzi waba Tèmbù kwicala lemfundo yamadodana. Umi pezu komlambò Umtata pàkati edolopini ebizwa kwa ngelogama.

Ilitye lesiseko salomzi labekwa ngo June, 1879, ngu Bishop Callaway kukò inyambalala yama-Ngesi azimase u Mongameli Mantyi u Meje—Sir Henry Elliot, kunye nesihlwele saba Tèmbù sipàhle u Mhlekazi ukùmkani wabo u Ngangelizwe.

Lesinala inomhlaba omkùlu ozi akile ezi 120 apa edolopini. Inika imfundo epakamileyo kumadodana ide iyokuti xà ngo Standard VIII. kuqùtywa kwa nemisebenzi yezandla. Iyazishiya ezinye isinala ngetùba lokuba ise sazulwini se Komkùlu elilaula zonke izipàluka zobumantyi base Mpuma kwe Nciba, (Transkeian Territories) Iti ke lonto inike abafundi ilungelo lokuya kupùlapùla ukutsha kwengxoxo kwinkundla ye Bùnga elikùlu, nakumatyala e Jaji, kwanokuva inteto ze njinga nezinonojiya zombuso. I-Ruluneli—inkulu mbuso—nezinye indedebe.

Kubapàti bomzi—Wardens—singabalula ezibo Rev. W. M. Cameron, W. A. Goodwin, C. E. Earle-Bulwer, A. A. Hoadley M.A., okòyo ngoku.

Ititshala ezinkulu zesinala, singabalula abanumzana Tyler; Brown; Parrott; Rev. W. A. Goodwin; S. J. Wallis; J. Esplin; Pettitt; R. D. Roberts; W. J. Venables; A. E. Hill owaba ngu Mhloli zikolo; no J. H. Bowes Esq., P.C.A.T.S.C., osaqubayo nangoku. Zigwexa apo into zo Maqùbela o Mr. D. O'G (Matric.) no Mr. Qwelane, no Mr. M. Mbàlo. Mayicùme yande i St. John's College.

## Rev. Canon Waters.

Akukȯ mfundisi owasebenza ngapėzulu kuka Canon Waters wase Nyanga ukupakamisa isizwe saba Tėmbu nezinye ezimana ukucelelisa kwi Sinala yakė yodumo lokuqeqesha intombi—All Saints.

Maninzi amakaya amahle ngentlalo nempilo ngenxa yengqeqesho eqabukileyo yalo Sinala. Igama lakė liya kuhlala lihleli lilitȯngo kuba Tėmbu. Ewe. Kumzi wonke ontsundu.

Pumla ngoxolo—"Manzi."

# *Qokolweni.*

(WESLEYVILLE).

Amanyange alomzi kuqala ayemi e-Wilo (Old Morley). Abafundisi ababekȯ ngalawo maxesha babe ngo Revs. Shepstone (u-Sonjica), no Gedye, Thomas, Bethelhem, Palmer no Rayner. Mkůlu umsebenzi wobugoȓa owabonakaliswa ngu Mfundisi Palmer.

"U-Nongqai akagotywa zinduku
U-Mbulali wendebe yakwa Băca,"

ukulamla imfazwe zama Qwati ekȯkelwa ngu Fubu ngenqu, esilwa nama Mpondomise epetwė ngu Matiwane ngokwakė.

Kute kunjalo kwavela imbůbȯ enkulu apo e-Wilo, bafa kakůlu abantu, kona ukuze kufudukwe yimizi kuyiwe e-Ngcanasini (New Morley). Kubuye kwabonakala ukuba umhlaba walapȯ mncinane, yaye inkosi yama Gebe iwubandeza gqită. Kwakůtshwa u-Johannes Mkůmla, igoȓa elikůlu elaka labambana ngezifuba nengwe.

"U-Zigxashe,
U-Selamanz' angaselwayo
Indembėlele ka Mkumla."

Wahamba kunye no Timothy Petse baya kucela umhlaba ku Ngangelizwe Mtiȓaȓa inkůlu yaba Tėmbů ukuze banikwe lendawo yase Qokolweni ngo 1868.

Masendisiti amaqela aseka lomzi ngamadoda awayevela kwizikolo ezitătů zase Wesile (1) e-Wilo (Old Morley), (2) nase Mgwali (Clarkebury), (3) nase Gcuwa—(Lamplough)—ngoku kutiwa Butterworth. Lendawo yase Qokolweni yayi păkati kwama Mpondomise nama Mpondo.

Ezona mfika-ngqanji kulomzi ukuvela e-Wilo yayingo Johannes Mkumla no Barnabas Tinto, no Thomas Dukada; Malindi Tyiso, Nyendwane, Kondlo Tyiso, Mkâtyana Giqwa, Aaron Mpisi, Moses Kunju, Cornelius Kunju, Tyopo Ndywakaza, Nicodemus Matinjwa, no Enock Kunju, igoŕa elikulu elenzakaliswa ngabahedeni ababesenza ingxolo kufupi nendlu ye-Cawa kuqûtywa inkonzo ngapákati. Wazincama kubo ngenxa yobukwele nge Lizwi lika Tixo.

Kuhlaleke ixeshana u-Rev. Peter Hargreaves (u-Hagile), u-Mongameli wabafundisi e-Mgwali wafuna ukuba kubekô e-Qokolweni indoda eyakuti ibe liliso nomlomo wakė ekutinteleni uhlaselo lwama Mpondo eskolweni, nokugcina imimiselo yobu Kristu. Kwaza kwatûnywa u-Silas Pantshwa.

Incûka yakwa Njuza,
Ikwali-manzi elizidlayo,
Eliman' ukuvela lilunguz' i-Qokolo,
Intak' esunduz' umqala,
Yandul' ukuhlala.
Ibuy' isunduz' umqala,
Yandul' ukusuka.
Kwedini yomqadikazi,
Eliso limnxeba, Ligxelesh' ivangeli,
Libuye libe mnxeba Ligxelesh' e-Tyâlaŕa
Ntambanan' emapiko,
Iman' ukuwavutûlula,
Zide zicunuk' intshaba.
Zit' uyazenzisa, kanti kudalwa.
Isilo esintsholo-ntsholo.
Esipêkuz' ama-Zizi nama Xesibe.
Sibuye siwatetelele emlungwini.
Kon' ungatshongo. Eh!

U-Silas Pantshwa lowo weza e-Qokolweni kunye nonyana womkuluwa wakè u-Sangoni Ntilashe, ikàlipa elaka laputuma umfo wakwa Kàula seleqwengwa lutshaba, wampùtuma pakati kwesicotò sembumbulu.

"Au! Igoṙa lakwa Hlanga,
U Tand' abangamtandiyo,
Umtwana wo Nozililo."

Weza kunye nezininàwa zakè o-Mtètàndaba no John Sibewu, nomzi ka Mgwetyana, nawo onke ama-Ndlane ekutiwa ngambhlope, nento ka Kàtywa u-Daniel Mcasa, nento zo-Gxagxisa o-Philemon, no Mfundisi.

Iqela elavela e-Gcuwa zinto zika Yako o-Luke Mbòkotwe nabaninawa bakè ama-Ndlane amnyama ka Yako no Timothy Petse no Joseph Nkosiyane. Kwamana ukufika amanye amaqela pèzu kwala yangumzi omkùlu e-Qokolweni. Umfundisi wokuqala waba ngu Silas Pantshwa (njengo mvangeli) engowegazi ebukosini baba Tèmbù, into yakwa Hlanga, u-Gedle ezindlwini zakwa Qiha, walandelwa ngabafundisi Revs. W. Sigenu, N. Tile, John Ntikinca, John Ngxola, January Menye, John S. Dlakiya, J. Ntondini, William Dikwayo, Walter Jijana, Richard Funani, George Nqana, William Kàbane, Richmond L. November, 1926.

Ititshala zalapà zazingabanumzana.—Ben Zangqa, Paul Nkaia, Elias Ntshange, Agrippa Yako, Tylden Gwam, Rev. Lennox Yako, Jacob Nombe—ngokulandelana. Lomzi uzintlantlu ezimbini ngokwaselulaulweni. Izibonda zecala lase Wilo singabalula: U Silas Pantshwa, David Noah, no Samuel Mkumla ngokulandelana. Ukuze kucala lase Mgwali sibalule u-Sangoni, Ntilashe, Pantshwa, no Percy Sangoni.

Lo ngumzi owazibalula ngenqubela kwamandulo. Wazala imfundi; abanumzana Solomon Yako, Rev. Wana Yako, Samuel Mkumla, Enoch Sangoni, Palmer Mgwetyana, Colbert Manyadu, Julius Ngxola, Wycliffe Yako,

Agrippa Sangoni, Anderson Maziki, Albert Pantshwa, Jeremiah Toni, Shadrach Tyiso. Petse, nezinye inkulelane zalapo. U-Mr. Milner Langa Kåbane, B.A., naye ulibango lase Qokolweni.

"Wena mtômbo we Qokolo,
Wohlal' uhlal' uvelinto,
Kangelani ukukanya,
Nipåpåme basezayo.

# *Mqanduli District.*

**Inkosi ezipambili kwesisitili zezi ;**

1. Ama Qiha ka Sipēndu.

> U-Ṙāmncw' elizandla zibomvu,
> Lakulo Noqwanti,
> Umzimb' onameva njengenkunzi,

into ka Bācela intshikintshikikazi umfo ka Ngcutsha.

Umzi ka Sipēndu use Kwenxuṙa. Umhlaba wake ngulowo utabatēla evenkileni ku Matole e-Daṙabe, umda uyokukwela entabeni e-Bizana wehle e-Nambāli uyokungena e-Kwenxuṙa, ugqitē uyokudla amanzi om-Bāshe. Idolopu yase Elliotdale isemhlabeni ka Sipēndu.

II. Ama-Tshomane sisizukulwana sika Tāhle—ikumkani yamzuzu kuma Mpondo.

Inkosi enkulu yawo ngoku ngu Dudumayo e-Ngcwangube into ka Dalasile, umfo ka Niki itōle lika Ngcetane ka Gela oyena uzalwa ngu Tshomane, into ka Matayi umninawa ka Nyauza, ka Tahle ema Mpondweni. Uko no Zilindlovu, e-Mpāko into ka Jipetŭ ka Niki—ama-Tshomane.

III. Ama-Tshezi—ikwa ngama Mpondo. Inkosi yawo ngu Tyelinzima into ka Pāli, ka Mankunzi—ka Mbēlu, nalo ikomkŭlu e-Mapuzi.

IV. Ama-Hegebe, e-Ngqungqu emhlabeni ka Ludidi wamzuzu. Inkosi yawo enkulu ngu Mdlungu into ka Holomisa.

> U Bēlukaz' olunjenge sheleni
> U Tye libutēlezi lakulo Nyelisa.
> U Malamb' anga 'ngazitya,
> Gwangqa—gwangq' izulu ladudurna.
> Sabaleka sangen' ezindlwini.

Yinto ka Mdunyelwa ka Nkwenene, umfo ka Ngaleka into ka Mkåsela ka Ndisane, umfo ka Madiba ozalwa ngu Gebe, kwa Tshaka.

U-GEBE wayelipåkati lika Nqabe inkosi yama Gcina. U-Nqabe wangena indlu ka Gebe. Ama-Nqabe (ama-Gcina ke) alandela u-Gebe ayakutsho e-Ntlonyane, esuka e-Mdumbi apo aka anexesha ukupozisa inyawo ukuvela e-Lutůkela.

U-Mkåsela no Ndisane bafela e-Ntlonyane kwa Bomvana. U-Ngaleka wafela e-Rwåntsana. U-Mkwenene wafela emfazweni eyagxotå u-Myeki wama Mpondomise. U-Mdunyelwa wafa kukugula e-Xŏřa. U-Holomisa wayezalwa yintombi ka Sařili.

V. Ama-Xesibe ka Sidiki into ka Mtwå umfo ka Tshomela.

# *Ama-Bomvana.*

---

TEMBULAND SOUTH.

## ELLIOTDALE DISTRICT.

Izizwe ezibalulekileyo kulemimandla yase Elliotdale nase Mqanduli ngaba Tėmbu̇ nama Gcaleka nama Mpondo. Ama-Mpondo azindidi ezimbini (1) Ama-Bomvana; (2) nama Tshomane. Inkosi enkulu epėtė ama-Bomvana ngoku ngu Ncamitȯle into ka Gwebindlala umfo ka Ngonyama:

U Somaṙadalala,
Iṙamnco elimabala mabini;
Umnyama umnyele ngasemva,
U Sonjiwanjalo.
Unyoka ziyatyiwa zimanz' aṙaṙa,
Abase Hlakoti base kwanyana.

Ewe u Ngonyama yinto ka Langa uzwati luka Moni:

"Indembėlele engalo zilubėlu,
U Pȧkamis' amakwȧpa bapėlele."

Ewe wetu̇! u Moni ngumzukulwana ka Gambu̇she ka Jalamba, into ka Tshezi umfo ka Zwetsha, ka Tyingana iduna lika Dilandlela ka Bomvu.

Kwati kwidabi lama Bomvana kunye nenkulu yama Mpondo e-Dangwana ngaku Mlengana wafa u-Ngqungqushe uyise ka Faku ebulawa ngama Bomvana, pofu yena eseqoqweni. Ngesosizatu̇ abaleka ama-Bomvana aya kufaka intloko ku Gambu̇she kuma-Gcaleka ka Kauta. Anikwa

intlambö zo-Mbâshe ukuya kuma ngolwandle ngokuhamba kwamaxesha aya enyinyela pambili. Ngoku ayokuma ngo Mbâshe no Lwandle pezu ko Mhlahlane kwazakuma ku Twâl'ïmofu.

## Ama-Gcaleka.

Kwesisitili sase Elliotdale kukò nebandla lama Gcaleka ka Sonwabo, into ka Sarili ngomfazi owayeyintombi ka Diko uyise ka Mditshwa. U-Sonwabo lowo uza emva ko ma-Sarili (Tokoyi elakowabo), unina ka Nkosi Sigcau Mqikela, ema-Mpondweni.

Umhlaba ka Sonwabo utâbatêle e-Nqihana uyokutsho e Mngazana utsho e-Qombe uyokuqina e-Twâshume. Ziko pofu nezinye inkosana esingapelelwa yindawo nalixesha xa sizama ukuzixela.

## Ukungena kwama Bomvana.

Kwimfazwe zika Rûlumeni nama Gcaleka ibilisiko lawo ukumana eyakufihla intloko kuma Bomvana. Yaba seso ngeka Ncâecibi. Lento yaba yingxaki enkulu ku Moni wama Bomvana wada wati ukonzile kuma Gcaleka, ngumhlaba wabo lo akuwo, akanakulwa nawo. Wayengazimisele ukulwa nengangalala engu Rûlumeni kuba nguyise. Aqubile ama-Gcaleka eqòlosa ngelohlati lawo kwa Bomvana. Yampâzamisa kanye lento u-Rûlumeni. Waselefumana ituba lokuba angene pântsi kwakè. Kwatûnyelwa u-Meje no Eustace betolikelwa ngu Feni. U Langa into ka Moni yawuhlanganisa umzi. Walaula u-Rûlumeni ngo December, 1878. Irafu yaqalwa ngo 1880.

# *Abafundisi be-Vangeli.*

Pezu kwawo onke amadlala angaba akona ngenqubo ka Rŭlumeni asisitĕlwa litŭba lemfanelo yetŭ ukumbulela ngokusiřuqela elukanyisweni nokuba kwakungendlela eřabaxa. Asinakuti cwaka ngobulungisa obukŭlu esenzelwa bona ngabafundisi be Lizwi lika Tixo elihamba kunye nemfundo nokucoceka kwentlalo. Bashiya amakăya nokonwaba kwabo pesheya banyamezela ukuza kuhlala pakati kwabantu abařwada ngokugqibeleleyo, apo ubom babo nobentsapŏ zabo babusemngcipĕkweni wokutshatyalaliswa naninina zeziziřalařume nendlobongela. Langena i-Lizwi lika Tixo ezinkosini yatăndwa nemfundo luluhle. Kwabetwă imali ezinkulu kusakiwa izindlu zetyalike nezemfundo.

Namhlanje elaba Tĕmbŭ lizele luxolo nayinqubela, nazizicagogo zemfundi, namakăya afana nawama Ngesi oluhle. Ziliqela elininzi inkosi ezifundisiweyo.

Inkosi-Nkŭlu u-Jongilizwe wafunda imfundo epakamileyo e-Lovedale. U-Nkosi Jongintaba into ka Dalindyebo yawela nebandla lika yise laya kuncedisa u-Kumkani George V. wama Britane wenzelwa imbĕko enkulu kwelo. U-Rŭlumeni utotyelwe uhlonelwe, kwanezinye izizwe ezintsundu ziyancazelana naba Tĕmbŭ.

Zakupĕl' imfazwe zonke,<br>
Ngezwi lako Tixo,<br>
Kwakulaul' uxolo lodwa,<br>
Ngezwi lako Tixo.

## Ama-Qwati.

### Ubutyalike—Nezikolo.

U-Ngubencüka yena wafikelwa ngaba fundisi base Wesile, kodwa u-Fubu yena wada wabübä engena mfundisi. Kuzokufika ama-Tshetshi ku Dalasile amisa isikolo ne Tyalike e-Nyanga—ka "Sidubu." Ubu-Tyalike obona buninzi apa ema-Qwatini bobase "Tshetshi." Yiyo-ke i-Tyalike ye "Kwomkülu" lase Maqwatini. Nantso e-Nkondlo—indlu yesikolo ne-Cawa. Nase Mbäshe ku Bökileni, into ka Langa Dalasile yase kunene. I-Kwomkülu lazo zonke apo zipëtwë zilaulwa kona lise Nyanga (All Saints).

Ezakwa Sidindi ze Tyalike nesi-Kolo zikwezindawo:—E-Qutübeni, kwa Hlakula, kwa Nqwiliso Sitönga, kwa Mondile nakwa Mtshangala (umkuluwe ka Böma Mxütü (e-Tsalabo).

Ezakwa Ndima.—Nantso kwa "Mhlontlo," e-Xuka nase Msintsana—kwa "Sikundla."

Ezakwa Ntondo.—Apa ke kusebenza ama-Tshetshi (nama Moravia ase Bäziya). Esama Tshetshi naso ku Tayiboso badibene ngaso no Jalisa. Ama-Moravia wona aku Pakamile Sandile, e-Xëntu nase Mnvolo. Ilapo e-Xëntu into ka Mzuku (Elias Mzuku), indoda enefutë yase Moravia, kwezobu Tyalike nezo Limo.

Kwa Mncayi.—Sise Gqaga, kwa Mqotyana, nakwa Mkutwäna. Esi samva-ke sona sesase Moravia.

Ama-Tshetshi anezikolo ne Tyalike kwezindawo:—Kwa Dolopini—(e-Sinqumeni), nakwa Mzolisa (e-Zabasa), e Gubenxa, Sitöleni ku Manzimdaka, e-Hehewini, e-Xuka (kwa Silo), e-Mkänzi naku Manzana (kwesika Vetü). Zonke ezi zisema Qwatini. Ne Wesile ikona e-Gqobonco, kwesika Tshisilizwe. Amadoda azizibane apö yinto ka Mtshixa

(u-Nkampule), Makalima, u-Simamhlaba, ziko ke ezo Nyanda, no Fayo Macingwana no Layini Mbambani nabanye. Naso e-Cefane, ema-Rèledwaneni ka "Mcobololo." Esinye sise Ntibaneni, naso esinye e-Ngqokoto, naku Bojane, e-Nduku (enxiweni lakwomkulu, lika Dalasile), nase Goboti, nase Gqutyini, kwesika Q̰olintaba Sondlo, nezinye. Zizindlu zezikolo kunye ne Cawa zase Wesile zonke kwezondawo. Ilapo e-Nduku into ka Ndungane (J. S. Ndungane), nabanumzana o-Paul Kamnqa, Zech. Mantlaka, T. Macingwana, A. Xuma, S. Obose nezinye ke izikùlu zase Maqwatini zalapo, ezizintsika eziqinileyo zobu Wesile.

# *Izikolo no Nqulo.*

Umpùnga ka Nkosi-Nkulu Jongilizwe no Yise no Yisemkùlu no Kòkò ngokunjalo no Nkosi Silimela, ngokwaselunqulweni ngowasebu Wesileni. Pàntsi ko Silimela ezona zikolo zininzi zezase Wesile.

U-Dalasile ngalowo mlinganiselo ngum Tshatshi, u-Mgudlwa yena yi Ràbe ngokunjalo no Ncanywa ka Zibi. U-Mcobololo yena noko engumntu ka Dalasile nje waba yi-Wesile ityalike yakomkùlu kwa Ngubencùka. Noko lona i-Goso (St. Albans Mission) lisebantwini baka Silimela lisikolo sase Tshetshi.

---

## AMA-KRESTU.

Lusizi ukungabiko kwamanani amanye amahlelo. Akafumanekanga kwabo bekwenziwe isicelo kubo.

Xa sikàngela inqubela ebonakala kumanani entsapo efundayo sifike sibone ukuba ubanzi kakùlu umsebenzi owenziwa ngamahlelo ukuhambisa i-Lizwi lika Tixo kwisizwe sika Ngubencùka.

Amanani esiwafumeneyo ngala.

---

## I-WESILE.

(1925.)

| District. | Aba-Fundisi. | Aba-Shumayeli. | Ama-Lungu. | Aba-Lingwa. | Aba-Ntwana. |
|---|---|---|---|---|---|
| Umtàtà. | 2 | 45 | 895 | 520 | 269 |
| Engcobo. | 3 | 97 | 1337 | 937 | 1320 |
| Mqanduli. | 1 | 33 | 567 | 256 | 403 |
| Elliotdale. | 1 | 37 | 349 | 220 | 560 |
| Emjanyana. | 1 | 4 | 76 | 54 | 2 |
| | 8 | 216 | 3224 | 1987 | 2554 |

| *I-MORIVA.* | ITITSHALA. | INTSAPO. | *I-DIPENDE.* | ITITSHALA. | INTSAPO. |
|---|---|---|---|---|---|
| IZIKOLO. | | | IZIKOLO. | | |
| | | | Beyele ... ... | 1 | 27 |
| | | | Elucwecwe ... | 1 | 41 |
| | | | Esikòbeni ... | 2 | 74 |
| Mgudu ... ... | 1 | 29 | Kipping ... | 1 | 26 |
| Sandili ... ... | 1 | 32 | Magopeni ... | 1 | 16 |
| Upper Gqaga ... | 1 | 30 | Mqonci ... | 2 | 85 |
| Xentu ... ... | 2 | 47 | Notà ... ... | 1 | 21 |
| | 5 | 138 | | 9 | 290 |
| *I-BANTU P.C.* | | | | | |
| Bèkileni ... | 3 | 109 | Mjanyana Leper ... | 1 | 25 |
| Kidston ... | 2 | 74 | | | |
| Ngxebe ... | 1 | 49 | | | |
| Qengqeleka ... | 2 | 86 | | | |
| | 8 | 228 | | | |

# *Umtata District.*

### *I-TSHATSHI*

| IZIKOLO. | ITITSHALA. | INTSAPO. |
|---|---|---|
| Umtata (Isinala) ... | 4 | 96 |
| Umtata (Umzi) ... | 5 | 156 |
| Cegcuana ... | 1 | 48 |
| Ciciṙa ... ... | 1 | 23 |
| Dumṙana ... | 1 | 34 |
| Esikȯbeni ... | 3 | 83 |
| Lower Centuli ... | 1 | 30 |
| Mqėkezweni ... | 1 | 29 |
| Nqencu ... | 1 | 32 |
| Umtata Location ... | 1 | 36 |
| Umtėntu̇ ... | 1 | 47 |
| Upper Tabase .. | 2 | 54 |
| Upper Xongoṙa ... | 2 | 52 |
| Xugxwala ... | 2 | 76 |
| Xwili ... ... | 2 | 59 |
| Centuli ... ... | 1 | 25 |
| | 29 | 890 |

### *I-MORIVA.*

| | ITITSHALA. | INTSAPO. |
|---|---|---|
| Tabase ... ... | 4 | 146 |
| Bȧziya ... ... | 4 | 138 |
| Makaula ... | 2 | 44 |
| Mbolompo ... | 1 | 24 |
| Mbozisa ... | 1 | 28 |
| Mputi ... ... | 2 | 46 |
| Ngqunge ... | 1 | 23 |
| Ntlukuhla ... | 2 | 44 |
| Sigubudu ... | 1 | 34 |
| Sixuzuli ... | 1 | 38 |
| | 19 | 565 |

### *I-WESILE.*

| IZIKOLO. | ITITSHALA. | INTSAPO. |
|---|---|---|
| Kambi ... ... | 3 | 134 |
| Ncise ... ... | 4 | 137 |
| Sangoni ... | 3 | 115 |
| Mqėkezweni ... | 3 | 108 |
| Qweqwe ... | 3 | 104 |
| Bityi ... ... | 2 | 77 |
| Buwa ... ... | 1 | 64 |
| Cibini ... ... | 1 | 36 |
| Empa ... ... | 2 | 65 |
| Gxwalibomvu ... | 1 | 47 |
| Konqeni ... | 1 | 39 |
| Lower Zimbana ... | 2 | 84 |
| Matshongwe ... | 2 | 84 |
| Mbozwana ... | 2 | 53 |
| Mpunzana ... | 1 | 28 |
| Ndibela... ... | 1 | 35 |
| Nqwati ... | 1 | 24 |
| Pingilili .. | 1 | 33 |
| Sakelas ... | 2 | 44 |
| Tyumbu ... | 1 | 40 |
| Upper Zimbane ... | 2 | 97 |
| Xongoṙa ... | 2 | 68 |
| Xwili West ... | 2 | 78 |
| | 43 | 1594 |

### *UNITED.*

| | ITITSHALA. | INTSAPO. |
|---|---|---|
| Lugxogxo ... | 1 | 29 |

# *Elliotdale District.*

| *I BANTU P.C.* | ITITSHALA. | INTSAPO. | *I WESILE.* | ITITSHALA. | INTSAPO. |
|---|---|---|---|---|---|
| IZIKOLO. | | | *IZIKOLO.* | | |
| Kasa ... | 1 | 39 | Ncehana ... | 2 | 46 |
| Miller ... | 3 | 120 | Tafalehashi ... | 1 | 36 |
| | 4 | 159 | | 3 | 82 |

# Umqulu (Grand Total).

| *Imimandla.* | *Izikolo* | *Ititshala.* | *Abantwana.* |
|---|---|---|---|
| Umtata District ... | ... 60 | ... 107 | ... 3574 |
| Engcobo District ... | ... 67 | ... 124 | ... 4119 |
| Mqanduli District ... | ... 30 | ... 46 | ... 1606 |
| Elliotdale District ... | ... 4 | ... 7 | ... 241 |
| | 161 | ... 284 | 9540 |

Vukani Mabandla ka Dlomo Kusile,
Andinicengi nani ntsapo ka Dalasile.
Bafo baka Tyôpo ningati ndisile—
Zinto zika Mgudlwa ndiyangxol' andibongi,
Niti lixolile nje mna 'ndiqondi.
Ndipûp' ibumbene ngazo ngengqondo.
Ndibon' izizwe zipângelana ngobuhlungu.
Nditsh' imfundo Umt' obukali kubelungu,
Ziyivuba ne Bàvibì e int' egqib' intlungu,
Ninganyabi Mabandla ka Nxeko.
U TATO no DLOMO babengazi gxeko.
Pàkamisan' imfundo kwezen' izixeko.
MAIBUYE!!

W.D.C.

# *Morley.*

## E-WILO.

Ukufika komfundisi u-Shaw no-Sonjica u-Rev. Shepstone ngo 1829 bashumayela kwa-Mdepa u-Mnumzana owayezeke u-Mlungukazi kweziya ndwayinge zazitshonelwe yinqanawa ngo 1750 behlisa unxweme ukusinga e-Kapa. Zisekò na oku izizukulwana zezindlu ezamkela i Lizwi 'ngelo xesha-ezo Rune, Matyòlo, Shaw, (Intlane) no-Tshongwane.

Ngeloxesha ama-Bomvana nama-Tshomana ayekunye. Baqala apà ukushumayela pàmbi kokuba baye e-Mgwali, Clarkebury 1830. Emva ko-Mfundisi Shepstone kutùnyelwe u-Mfundisi Palmer. (I-Palmerton ibizwa ngaye) ngo 1835, waza yena walandelwa ngu-Mfundisi Gedye ngo 1852.

Kusitùba semfazwe ka Mlanjeni umzi wase Wilo wacitwà-citwà wada umfundisi Gedye nosapo lwake wazisindisa ngokungena esiseleni esikùlu esinzulu. Bahlala kòna bada bakùlulwa ngu Nkosi Moni wabakàpa nomkosi wakè waya kubabeka e-Mgwali—Clarkebury bapiwa amabàso okubatùtùzela amakàlamtsha namaqùla njalo njalo. Umfo ka Gwada apo e-Mgwali watiywa ngomfundisi lowo.

Emveni kwelixesha akubanga satùnyelwa Mfundisi e-Wilo ngenxa yobuřalařume obugqitileyo, nangenxa yentshabalaliso eyenziwa kulowo mzi, nangenxa yobubi bayo empilweni. Kwasekuba yingcitakalo yemizi yamakòlwa nango amanye esinga e-Rode, kwa-Bàca, amanye e-Qokolweni, amanye e-Qweqwe, nase Ncambele, nase Gcuwa. Kulapo zazalelwa kòna ingcungela zabafundisi ezibo Rev. Dr. E. J. Mqoboli, D.D., umbàli we Ntyila Zwi, no Rev. W. J. Matyolo.

# *New Morley.*

ENGCANASINI.

Umfundisi Rayner wasebenza iminyaka emihlanu apa 1863-67. Akutshintshwa kube litûba elide kungekò Mfundisi kwatûnyelwa u-Rev. Charles Pamla ngo 1873, wanonyaka omnye apò, walandelwa ngu Mvangeli owaba ngu Mfundisi William Giwu 1881-83.

---

## Mqanduli Mission.

Lendawo yaba yeyona yomeleleyo kumjikelo wase Wilo ukusukela kwixesha lomfundisi u-Giwu. U-Mongameli wabafundisi u-Hagile wonyula isibonda u Mr. Isaac Nyezi, ukuba abe luncedo kubafundisi, usekò nanamhlanje nakuba selalupele ukuma 90 iminyaka. Ubalisa ngokomelela kokugcinwa kwemitètò yama Kristu ezikolweni, ngokukodwa e-Mqanduli kulawo maxesha. Kwakuko indawo ekwakusitlwa kuse Lubaleko, ngokuba kulapò kwakubalekela kòna abapùli mitètò.

# *Xora Mission.*

## U-HAGILE NO SARILI.

Ngenxa yokufa kwelizwe intsapo ka Ngcutsha yesabela e-Mgwali kwesika Ngubencúka ngo 1868 no 1869. U-Hagile—Rev. P. Hargreaves, uyile e-Xoŕa. Kutė emva kwenteto zoxolo nama-Gcaleka wagxumeka u-Mvangeli kwelika Mdlo—u-John Mbulawa, owabuya wabizwa ngelokuba ngu John Ntikinca.

Kutė kunjalo wahlaselelwa ngama-Gcaleka, emka nenkomo zake zaya kutshona pezu kwengxondora zo-Mbâshe, apo kwasala u Shwabana ka Sontundu kwiqela elalizipu-tuma ngo 1871, Akabanga nakunyamezela amanye amadoda afuduka, ano-Ngamlana, no-Dumisana, no-Mgojo. Kwa oko kufike u Saul Cedile, nento zika Maqungwana nezika Langeni ukuhlalisa u Mvangeli Ntikinca. Kuhlalekile lwafika kwakôna utshaba ngo 1873. Zemka kwakôna inkomo zo-Mvangeli. Kwabikwa e-Nkosini u-Bâcela into ka Ngcutsha.

Undlu ka Tėkwane ligxokogxoko,
Noxa nditshoyo ndobuye ndiyingene.
Inzwakaz' emabel' abekesiswini.

Upendule ngokuti: "Hai Bawo! u-Saŕili ufana no-Nonkala. Akuyiti—minxi imihlati akaswatyululwa ndoda" —Ahlanjwa amaselwa abantwana.

Kusuke u-Dyan Ntikinca (u Mvangeli) no Gasisi ka Langeni, no Moses Maqungwana, baya ku Hagile e-Mgwali baxela lenxwaleko. Kwasa kubizwa amadoda ase Mgwali, yena u Hagile wazitshixela endlwini yakė etandaza. Epumile unyule amadoda amatândatú ase Mgwali yangu-ye owesixenxe, nawase Xoŕa amatatú. Yekoko ukusinga e Qoŕa komkúlu kwa-Saŕili.

Befikile komkùlu kwinyambalala engangempukane ama-Gcaleka nenkosi yawo, utètile u Hagile ngentobeko enkulu ecàza into eyenziwe kusapo lwakè e-Xoťa. Akapendulwanga, kodwa balaulwa emzini omgama. Balinde intsuku ezintatù babuya babizwa: babuzwa imvelapi. Waquba u Hagile nabanye—suka ibandla: "Mh—Tu—Oh! Ewe! kukòna sivayo pindelani kumzi ebenilaulwe kuwo." Bapindela. Kugqitè iveki ezintatù belapò babizwa kwakòna namhla ama-Gcaleka selengangencà komkùlu. Baqùba njengesezolo. Kutlwe make bashenxe kubùngwe. Kute xa kusebùngeni wavakala u-Lindinxiwa into ka Hintsa etwele izandla entloko, egxwala esiti: "Ndiyemka ndiyacltakala apa kwa-Gcaleka kuba umkùluwa wam uyandicudisa, kanti mna bendizipàndela inqoba. Ndiyinkedama andinalifa ndalizuza ku Hintsa. Namhlanje ndiťwitshelwa kwa ababelungu kwanjengo Bawo. Ndiyemka! Hai ndiyemka! Ndiyekeni ndimke!"

Zavungama izinja zakomkùlu. Yatàkazela yahamb' apa into ka Buťu inkosi ye-Ntsonyane. Zagquťuleka izixinga ezibini u-Vumba no-Xego ezona zazixalise lamadoda ase Xòťa. Waqonda u Hagile nabashumayeli bakè ukuba kunzima. U-Saťili wati mababuyele kwasemzini abalaulwe kuwo, bengevanga lizwi.

Emveni kweveki ezimbini yagqiba ukuteta inzwana enkulu u Sopasi ka Hintsa.

Ingxow' enemilenze
Yokuťaka u-Patò no-Sandile,
Amaduna akowabo.

Babizwa kwakòna kwatiwa: "Ivile Inkosi makagoduke umfundisi Hagile, basale abafana (abashumayeli)" Wabulela ngabuhlungu u-Hagile.

Dungu! Yemka impi yase Mgwali, kwasala abanini nkomo—u-Dyan Mbulawa (Ntikinca) no Gasisi Langeni, no Moses Maqungwana. Gquzu! yana imvula le kutlwa yeka Nogumbe 1874. Yakuba iwutile, laťika ilizwi lenkosi

lisiti: "Hambani nalomntu anise ezinkomeni zenu" Kanti lomntu kutètwà indlela yonke yomkosi wamakùlu amabini (200) ama-Gcaleka, Banikwa amashumi amatàtù enkomo atshona amanye amashumi akwa matàtù.

Bancama kwele Ramřa zabaweza intlambi. Bayakufika emakaya e-Xořa ngeyesitàtù inyanga, Lonke elixesha wayengeka ngeni u-Rulumeni wamangesi. Sasoloko sivuta sona isibane sika Tixo.

Ngexesha lobu Vangeli buka John Ntikinca, e-Xořa u-William Giwu wayengu Mvangeli e-Mqanduli. Kutè ngo 1881 bangenela ubufundisi bobabini. Watshintshwa u-Giwu. Imimandla yase Wilo yapàntsi kwe Xořa.

U-Nkosi Bàcela wama Qiha akwa Hlanga kuba Tèmbù wafudukela e-Kwenxuřa kufupi no Mbäshe. Abafundisi bakè wabayaleza ku Sendo ka Mnkonko. Lomyalezo wapètuka emaxesheni wajongana no Joseph Poswa, no Vangedaba Langeni. Babagcina abafundisi pàkati kwemeko zokungapili nokwentsapo.

Babelapo abafundisi o Revs. Mazwi, Skosana, Funani, Nobanda, Mama, Dikwayo, Yekele, April, Msutwana, H., Ntikinca. A. Z. Giwu, Mtembu, Maliza, Mlonzi, Mabija. Ufanelwe kukubulelwa nokunconywa u Joseph Poswa, nabancedisi bakè ngenqubela yalomzi.

## U-Nkosi Pakamile Pantshwa.

Lenkosi ipuma kumlibo ka Hlanga ongumkùluwa ka Dlomo womnombo ka Dalindyebo. Uyenye yentsika zokanyo kwelaba Tèmbu.

Walamkela ilizwi lika Tixo pàkati kobunzulu bobungqingqwa bobuhedeni. Apò intlondi bezibalelwa ukuba zingumtètò nesiko lesizwe. Ubùbè ngo 1923 washiya esikùndleni sakè unyana wake u Ndumiso, u "Jongilanga" isibuliso. Wafunda e-Cumngce nase Dikeni engu Samuel Pàkamile. Simnqwenelela impumelelo yena nesizwe sakowabo.

# *Clarkebury.*

U-Ngubencùka—U-Nkosi-Hlati wamema izizwe ukuncedisa ekutshatyalalisweni kwama-Ngwane 1828, wada wamema ama-Ngoloti (amajoni amhlope) e-Rini. Ate xa ayayo agqita komkùlu e-Nywaŕa, yafunza kuma-Ngwane e-Bàziya. Ekubuyeni u Ngubencùka ucele ukuba anikwe Abafundisi bokumcebisa nokumkùsela ezintshabeni. kwakùtshwa u-Mpàkati, u-Ndlambe, no-Mhata, ukuya kugxumeka isiza sesikolo sase Clarkebury kunye nama-Ngoloti.

Lo Ndlambe ngulo wazala u-Mgwetyana uyise ka Palmer, owawela no Nkosi Dalindyebo ukuya Pèsheya.

Esi sesona sikolo sikùlu kwelaba-Tembu jikelele. Simi pèzu komlambò u-Mbàshe no-Mgwali. Umfundisi wokuqala waba ngu Rev. Richard Haddy 1830. Satiywa ngegama lika Rev. Dr. Adam Clarke wodumo lwokubàla incwadi ezitolika imfihlakalo zezibàlo ezingcwele.

U-Mfundisi Haddy wayenomncedisi ongu Rev. J. C. Warner, owayehlonelwe kakulu ngaba-Tèmbù nangu Rùlumeni. Nguyise mkulu walama Warner esinawo ebumantyini. Indlu ekòyo yabafundisi yileyo yakiwa ngu Mfundisi Haddy beno Warner. U-Ngubencùka wayenobuhlobo obukùlu nabafundisi. Kwaba yinto elusizi kakulu ukubùbà kwakè.

Akupuma u-Haddy kungene umfundisi W. J. Davis 1833-37, wayenguyise wenkosikazi ka Hagile ekwanguyise ka Debese—i-Tshatsha Rev. W. S. Davis. Kungene u-Rev. F. P. Gladwin 1839-1845, kwalandela u-Rev. J. S. Thomas 1845-47. Kwaka kwati xum cwaka ixesha elide ngenxa yokufa kwelizwe ngeye Zembe. Wafana washiywa umzi lowo. Kude kwafika u-Hagile—Rev. P. Hargreaves ngo 1858. Ngalawo maxesha iposi yavipùtùnywa ngumntu ngenyawo e-Qonce kubekanye ngenyanga.

Lomfundisi u-Hagile wasebenza ngemvisiswano enkulu naba-Tèmbû ngokukodwa u-Ngangelizwe. Waduma ka-

kulu ngamayeza ake awayeluncedo olukŭlu. Waduma kakŭlu kanjalo ngokupĕndulwa msinya ngu Tixo xa sukuba kucelwa imvula—ilizwe libařile. Ezizinto zatsala intliziyo zabantu waselebafaka iyeza lompefumlo.

Siva ukuba wabizelwa ebŭngeni ngaba-Tĕmbŭ kwakufika u-Bŏkolo (Commandant Bowker), ukuza kungenisa ulaulo luka Rŭlumeni. Zimpembelelo zakĕ ezenza ukuba kungenwe ngoxolo nokuba u-Rŭlumeni angabi yingwanyalala.

Indlu enkulu ye Sinala eyamiswa ngo 1875 iyakusoloko imi isisikŭmbuzo salo-Mfundisi. Aba-Tĕmbu babetă inkomo, negusha, nemali eliwaka leponti £1000.

Madodana! Ukuba ukŏlo lwabantu balawo maxesha obumnyama lwalunjalo ukwenza izinto ezinkulu. Kukangakananina kuti. Ngesitătisela pămbili.

Sitĕtă nje namhlanje ngokŏlo luka Ngangelizwe nabacebisi bakĕ naba-Tembu i Clarkebury ikŭpulule ingcutshe nengcungela, ocwenene nengcătuva zenkosi, nabafundisi, netitshala, nabanumzana bendidi ngendidi, kulo lonke elase ma-Xoseni, kude kuyokuma ngo Zulu.

Wawela waya Pesheya u-Hagile ngo 1880, wabuya ngo 1882, wafikela Emfundisweni wasebenza izimanga ema-Mpondweni.

Esikundleni sika Hagile kungene u-Rev. Theo. Chubb, B.A., ngo 1881 uyise we Gqiřakazi elindlezane ububele u-Dr. Elsie Chubb wodumo.

Ititshala ye-Sinala ingu Rev. H. W. Davis, B.A., umfo owosulela bonke abafundi balapo ngesandla esihle sokubăla endinenxaxĕba kuso nam. Wemka ngo 1898. Kungene u-Rev. W. S. Davis emva ko Chubb. Kwafika ilulama, ilunga, igqobŏka, i-Nene, iciko ienteto yesi-Xosa nesihlobo sabantu aba-Ntsundu. Wapumla ngo 1895 e-Port St. John's apo wabŭbĕla kona, emana ukuncedisa e-Palmerton.

## Rev. T. A. Chalker.

Kulandele ingxikimba yendodana eyondlekileyo ngo 1896 abafana besiti ngu "Magxuku." Okwenene eyintsipalala ingqwanzilili yendoda elizwi lipŭma ngati yimbŭmbŭlu namalangatye. Ububele bobendlezana xa lixolile. Ngumseki walendlu intle kakŭlu isemfanekisweni. Mhla labekwa ilitye 7th May 1897, zazipelele izizwe zaba-Tĕmbŭ nezizihlobo kubo, zingqonge u-Nkosi Dalindyebo ndikŏna nam. Păntsi kwelolitye kwancwatywa zonke intlotyana zemali ukutăbătĕla epontini ebomvu kude kuye kweyokugqibela i-Farintye. Yanye kuhlobo ngalunye.

Kwafakwa namapĕpă-ndaba eloxesha. Imvo, ne Daily Dispatch. Nepĕpă elabălwayo libalisa ngentlalo namasiko abantu, nombuso, nenkosi, nabanumzana, nabafundisi, netitshala, ne-Ruluneli, ne-Nkulu-Mbuso, ne-Mantyi njalo njalo. Yonke lonto ifakwe embŏdleleni enkulu pantsi kwelolitye le "New Building."

Lento yenzelwa ukuze izizukulwana zezifunde ezizinto mhla yoze idilike lendlu. Naku ukugcinwa kwamabali ngama-Ngesi. U-Mr. Chalker wayemana ukubanjelwa ndim xa ecwĕla elilitye.

E-Sinodini yabefundisi e-Shawbury January 1899, kwavakala indaba zokuba ubŭbĕ ngebăqo—"U-Ngcinga-nzulu." Lalila lonke elasema-Xŏseni kwada kwase Mbo.

---

## Rev. A. J. Lennard, 1899-1924.

Ngo 1899, esemtsha, i-Komfa yatŭmela u-Rev. A. J. Lennard. Wasităbată samfanela isitulo samagoŕa abefundisi ababe mandulela. Ubeyindoda eyaziwa itenjiwe kakŭlu ngu Rulumeni wesebe lemfundo, nelo mbuso kumacebiso entlalo yabantsundu.

Iziganeko ezikŭlu zexesha lakĕ zezokugqibela nokuvula londlu inkulu yashiywa ngu Rev. T. A. Chalker, nokuvula imitŏmbo yamanzi, nokupilisa ngexesha lo Mbatălala ka

1918. Waqongqotela ngokwakà inzwana yendlu ye-Cawa engalingani nandlu kulo lonke elasema-Xòseni ngobukúlu nobuhle. Imini yokuvulwa kwayo ayilinganiswa namini ngokubaluleka. Kulapo u-Rulumeni ne-Mantyi no-Nkosi Jòngilizwe naba Tèmbù batetà amazwi amakulu okumbulela nokumlilela u-Mfundisi Rev. A. J. Lennard ngenkonzo yake emzini macala onke. Waseleya kupumla ngenxa yokwalupala nokupelelwa yimpilo 1924.

---

## Rev. C. C. Harris, 1924.

Intambo zipòswe kwindodana etembisayo kakùlu —ukùtèle, unobùbele, unengqondo, nentelekelelo, ebonakalisa umoya omhle wokutànda umntu ontsundu. Kwixeshana elincinane efikile sekuko izakiwo zenqubela aselezimisile. Uzimisele ukuba ulimo lutate indawo epàmbili emfundweni yentsapo. Sinamatèmba amakùlu ngaye. Selevule nesebe lokufundisa ukwenza izikotile neminye imisebenzi yamacangca.

---

## Mr. W. H. Law, 1913.

Kuyakuti xa kubaliswa ngempùmelelo ye-Sinala yase Clarkebury, alisayi kulityalwa igama lika Mr. W. H. Law inkulu yetitshala apò; wafika e Buntingville ngo 1909 amasinala engama 33 wayishiya inama 60 ngo 1913. Unyaka awaya kutàbatà ubupàti-mfundo e-Clarkebury inama 49, namhla ibalelwa kwezipambili i-Sinala ngemfundo ne Mpumelelo entle.

Igudlana ngentsula noma Dike, noma Nxukwebe. Namhla sekukò imfundo epakamileyo—Secondary Education—Inomtsalane omkùlu—Maninzi amadodana, abafundisi. ititshala, no Nobàla emisebenzini yakwa Rùlumeni abaqayisa ngengqeqesho ka Mr. W. H. Law.

Sininqwenelela impumelelo enkulu—Mpilo—nde—ntle—"MTETO."

# *Izibonda.*

---

Ngokommiselo wakuqala u-Mfundisi wayeba no Mtúnywa osa intetò nempendulo komkúlu, Kude kwati ekugqibeleni lo-Mtúnywa wabizwa ngokuba sisi-Bonda. Umtúnywa wokuqala kumfundisi u-Hagile e-Mgwali yayingu Kùbe into yakwa-Gcina. Kwalandela u-Gece into ka Ndlondlwana, no Mgwetyana into ka Ndlambe. Kulandele u-Vokoxo Sotyatò owamiselwa ububonda ngu Major Boyce e-Mjanyana. Yayingu Vokoxo kanye owayekòkele umkosi wesikolo ukufúnza kuma-Gcaleka ngeka Ncàecibi.

Ngenxa yenkatazo yama Mpondo u Hagile wakùpa amadoda awatembileyo e Clarkebury ukuba ayokuvala amazibuko kutintelwe uhlaselo lwama Mpondo nezinye izizwana. U Gece wabuya watunyelwa ukuya kuvala e Ncambele. Waza u Mgwetyana beno Silas Pàntshwa batùnyelwa ukuya kuvalela u-Nogemane, kuma-Mpondo, ukuze angangeni e-Qokolweni.

Waza u-Silas Yenzela, uyise ka Joseph Yenzela, watùnywelwa ukuya kuxàtisa e-Qweqwe, ajonge izibuko lika Bili Sho. Nanko u-Richard Nkala, uyise ka Paul Nkala nentsapo zo-Rune, nèzo-Matyòlo zatùnyelwa ku Kàmbi.

Abànjalo amalinge ka Hagile, no Ngangelizwe ukutintela imfazwe nokwandisa i Vangeli. Kuyo yonke lemisebenzi mikùlu ibaliswayo ngabafundisi ne-Nkosi. Akukò nto bebenokuyenza ngapandle koncedo lwezibonda namadoda omzi.

Isibonda u-Mr. Vokoxo Sotyatò, sifanele ukubulelwa engcwabeni laso ngokuwumelela umzi wase Clarkebury kumaxesha obunzima kulaula ubumnyama, Emva kwake kungene u-Sibonda Mr. Fodo

Xutywa indoda eyawupata umzi ngomoya ondilekileyo wobu-Tixo, ngokuvumelana nompunga waba-Fundisi bexesha lake. Lonto yanika iziqamo ezihle emzini ayatanyusanqelwa amatambo ake.

Kute ngo 1901 kwangena endaweni yake isigonyongo sendoda u Mr. Longden Sotyato (uyise wenkosikazi yam) umfo ote ukuzisuba intambo wenza ukuba amahashi anyatele ngokufanelene nalamaxesha akayekelela nakancinane ukuba kubeko ukupuma endleleni kosapo alulaulayo. Ube lihlati labafundisi nabo bonke abatanda u-Tixo nenyaniso.

Amadoda abezintsika ngo Gwada, Ntikinca, Mhlahlo, Yenzela, Conjwa, Matyolo, Lobi, Njozela, Tolibadi, Pantshwa, Mahonga, Biyana, Ntongana, Madikane Njozela, Dashe, Rabaza nabanye.

# *Imfundi Zamzuzu E-Clarkebury.*

Isinala ka-Ngubencúka no-Hagile yase Clarkebury inenxaxėba ebanzi kakůlu ekuwukȧnyiseleni umzi ontsundu e-Afrika. Onyana bayo abapuma bazizibane babalwa ngamawaka esingebe nako ukubabala ngabanye sixele nokȧnyiso abalwenzileyo. Kukwayilonto ngesinala yama Tshatshi e-Mtȧtȧ nase Nyanga. Aba-Tėmbů bawukonzile kanye umzi ka-Ntu jikelele nge-Sinala zabo. Lobuye lenziwe ilinga lokufumana uluhlu lwama-Dodana apůma kwezi Sinala aza ayikonza i Afrika ngokundileka.

Okwangoku ndingabalula onyana bemfundo yase Clarkebury abafika ebucȯtsheni ngelixa ndipėte usiba. Inyambalala egwaz' u-Tshaka yona andingeyi-cůkumisi.

*1. Superintendent Missionaries, and School Managers*

Revs. John Masiza, Dr. E. J. Mqoboli, D.D., R. Funani Walter Jijana, John April, James Magobodi, Gideon Baqwa, Peter Mjali, Alex. Makalima, Fletcher Nomvete, Alex. Z. Giwu, Wana Yako, J. W. Z. Pamla

*2, Chiefs and Headmen.*

Oliver Dalindyebo, Victor Poto, Jongilizwe Mtiřařa, Jongintaba Mtiřařa, W. Msingapantsi, Sigidi Diko, Mnyamezeli Holomisa, Reuben Nota. John Mqoboli, Longden Sotyatȯ, Enoch Mamba, Samuel Mkůmla, Agrippa Sangoni, Dawson Gasa, Dabula, Samuel Majeke, Thomas Ndamase—u Mangala, Ben Ndamase Matobela, Samson Qanqiso.

*Evangelists.*

Daniel Cingo, (u Bawo) Jeremiah Madikiza, Charles Cokoto, John Mfingwana.

*School Teachers (some eminently successful.)*

Bennie W. Mahlasela, William B. Jojozi, Israel Nota, William Ntloko, Julius Ngxola, George Mjila, David Cembi, Amos Gaba, Cawood Menye, Arthur Tsengiwe, David Noah, Barry Toni, Agrippa Yako, Jesse Mapekula, David Mapekula, Stephen Kalipa, Hamilton Mxalisa, Kali Damane, Charles Peters, Paul Nkala, Bayly Tyopò.

*Progressive Farmers, Traders and Speculators*

Henry Maynard (Maduna) Tsitsa, Morris Jafta, Albert Mabinza, Theophilus Pamla, Merriman Sikûtshwa, Christopher Pamla, Ezekiel Pandliwe, C. K. Sakwe.

*Court Interpreters and Clerks.*

Phillip Mayeza, Elijah Mayeza, Horace Nonkwelo, Harold Nonkwelo, Wycliffe Yako, C. K. Sakwe, John Mgojeni, Griffith Hintsho.

*Solicitors.*

Alfred Mangena.

Abahlobo abatile batûmele lamanqaku ngababanumzana njengokwesicelo esabonakala kwi "Imvo." Omnye ubalisa uti :—

Kaloku u-Mr. Bennie W. Mahlasela wazalwa ngo 1870. Ngemfundo ngum-Clarkebury 1889-1890 wapuma nogaga i T. 3, wayititshala apo e-Clarkebury iminyaka emitâtû, wapûma wayakutsho kwezinye izikolo ukuze angene e-Mpukane wadubula iminyaka ema 26 ukususela ku 1898-1924. Waba ngu Nobâla we Transkeian Teachers Union iminyaka esibòzo. Izihlandlu ezibini wonyulelwa ubongameli bayo. Ngo 1919 wonyulelwa kwi Komiti yengqonyela ze Mfundo ka Dr. Viljoen—Native Education Commission —Umtâtâ. Waba lilungu le Komfa yama Wesile ngo 1918. Unyana wake ungenele i B.A., e-Fort-Hare.

Omnye ubalisa uti:—U-Mr. Wycliffe Yako ngum Clarkebury ka 1888-1890, wapùma nogaga lwe Competency waba yititshala ku Qumbu 1891-93, nase Lovedale 1894-95, e-Ncihana 1896, waza wangu Nobàla we Mantyi e-Elliotdale 1897, nase Kokstad 1911. Wayitoliki ye Mantyi e-Matatiele 1911-1914, nase Elliotdale unangoku ngumfo ozolileyo onomoya omhle wenqubela.

Omnye ubalisa ati:—U-Mr. Amos Gaba ngum-Clarkebury ka 1890-1895, waba yititshala e-Cacadu, Mqanduli 1897-1923. Ngoku uyititshala kwesika Sakela, e-Xòra. Ligosa le-Sinodi yama Wesile Umlimi onempumelelo.

Uko obalisa enjenje.—U-Mr. Horace J. Nonkwelo. I-Mpondo i-Kwètshube wazalwa ngo 1870 e Old Bunting, waqala imfundo e Buntingville ngo 1880. Yavalwa i-Sinala ngokupèla kwenxaso ka Rulumente. Waselesiwa ngu Rev. J. W. Househam e Clarkebury 1889, wazipùmelela zonke imviwo. Wayititshala e Mzimkulu nakwezinye izikolo.

Wayi Kopolo—Corporal—emfazweni yama Bùlu wabuya wangu Nobàla we Gqweta e Mtàtà u Mr. J. C. Blakeway iminyaka emihlanu. wase Gqweteni e Ngqeleni kwakona ukuze aputunywe ngu Nkosi Bokleni abengu Nobàla we Bùnga 1911. Usese Ngqeleni uyi Pound-Master, emana ebamba ubutoliki, ematyaleni kwinkundla ye Mantyi.

U-Mr. J. Mgojeni, Clerk, R.M.O., Lusikisiki, usicela shushu ukuba singalibali amanqaku akè ngomnye acinga ukuba uzamile ukupàkamisa udumo lwe Clarkebury. Sowafaka amazwi akè njengoko anjalo. Uti:—

E-Clarkebury ngo 1896 kwakukò elona sinala lalingumntwana kuwo onke, ngalowo mnyaka lazibalula ngokupùmelela u-Std. IV. (internal Exam.), no Std. V., ne First Year P.T. (kungeko Std. VI). Lentwana ngo 1897 ipumelele i-Cape Elementary ne Second Year P.T. yaza ngo 1898 yapùmelela i-T.3.

Kutè ngo 1899 lomfana watàbatà ubutitshala kwizikolwana zelama Mpondo e-Qaukeni; waza ngo 1906 wabizelwa ubupàti sikolo Emfundisweni—asenguye nanamhla.

Intsapo ingapezulu kwama 300. Pantsi kobupàti bake kuqandusele Std. V no Std. VI ne Sinala yamadodana nentombi edume kakùlu, nayo iyaya apò iya kona. Isebe le Mfundo e-Kapa lamti jize nge Primary Higher Certificate.

Ihlelo lama Wesile lamwonga ngobumeli e-Komfeni ukususela ku 1914 kude kube ngoku. Kabini engayanga wayenyulwe noko njengeialela. Siyiva kumfi J. T. Jabavu yedwa lembeko.

Iminyaka yaba mitàndatù engumongomeli we East Griqualand and Pondoland Teachers Union, watùnywa waya yedwa kwi Superintendent General of Education, Cape Town, 1916.

Futi-Futi emana engu Nobàla obambileyo (eyititshala) ku Mhlekazi Nkosi Nkulu Mařelane kuma Mpondo—engowegazi kuwo, etùnywa nenkosi namapàkati ku Mongameli Mantyi e-Mtàtà nako Secretary Native Affairs—o-Dower no Vos.

Waxàulana ngezandla nabahlekazi o-Lord Buxton, Cape Town, 1916; no Prime Minister General Hertzog, Emfundisweni, 1925.

Isizwe jikelele simteketisa ngelokuti ngu "Telegraph."

---

Sasenze isicelo sobomi be-Mfundi zamzuzu kwi Sinala zontàtù zelaba Tèmbù, ngokusuka kade kwabanye abahlobo betù, lowo mqulu awusena kubonakala kulencwadi. Woti mhlaumbi ubonakale kolulandelayo ushicilelo.

## U-Nkosi David Jongintaba Dalindyebo.

Elitshawe ngunyana ka Dalindyebo e-Mqèkezweni. Ligoŕa elawela naba Tèmbú ukuya kunceda i-Kûmkani ye-Britane emazibukweni e-France, wada u-Kumkani George V wenza amazwi okumbulela wamnika i-Mbàsa.

"Presented to David Dalindyebo
by Order of His Majesty King George the Fifth
in recognition of outstanding Services
rendered in connection with recruiting
for the South African Native Labour Contingent."

Au! Yipon' esiqwempu yakulo Nomatòkazi
Umfusa ka Ndyebo.
U Jongintaba ka Lukayi neka Mqwazi.
Udad' ecwebeni zibalek' intlanzi,
Zabalek' inkwili zama Jaimani.
Zalushiy' ulwandle lwakowazo.

Yingqanga yase Mqèkezweni,
Yingweny' emehlw' abomvu,
Eyasitàtà yasibeka e-Flanisi.
Ngumntan' e-Nkosi owatèt' ese Palisi.
Kotuk' o Hidinibège,
U-Kayizana Waholel' e Holani.

Isikôtakazi abasitshisa singatshi,
Yinkunz' empondo zibukali zombini,
Olwekohlo lude lwancamisa,
Luhlab' u Golokodwana wahlal' ekaya.

Yeyanin' iŕafu ezilokishini.
Yon' ivoti siyipângelwanina,
Buzani abelung' aba ningoyiki,
Tètâ Jabavu bajamelane,
Buza Pelem baplkisane,
Kwaza Xabanisa baxabane,

Fika Matoti batòtè,
Pakama Sakwè sakàne
Ngena Mahabane bakàbane,
Dubula Cingo bazokucinga
Nditsho nina nisipàkel' indaba
Ze ningay' e Pitoli kukw' imfene.

Li Bùng' alipel' e Kàyapa (Kapa)
Saka sati u Simat' ulimatisile,
Kwatèt' u Wavenga besik' itswele,
Yinamb' emacòkocòko
Eyajikelez' intab' etafile kwavel' umnyama,
Unanamhla abasemlungwini bamangele.

A! JONGINTABA!!

## *Aba-Kweta.*

Pakati kwaba-Tèmbù kukò isiko elibaluleke kakùlu elo Kwaluka. Lisiko elidala kwangapàmbili kokufika kuka Kristu. Kuma-Juda kwakulisiko elaliyingqape yokucacisa ubugqobòka obufezekileyo, kanjalo lilupau lwenkonzo enkulu ka Tixo ngetuba lokuzivisa ubuhlungu emzimbeni ngenxa yake. Kwakulisiko kuma Arab nama Jipete nama Homede. Usana lwalupaulwa ngalo lusentsuku zilitòba luzelwe.

U-Kristu no Paulos kwi-Testamente entsha bavakalisa ukungaluxabisi kanye.

Amanye amabandla njengama Mpondo, nama Bàca nama Xesibe alilahla elisiko. Aba-Tèmbù nama Gcaleka nama-Ngqika anamatele kulo, nakuba selingasajongene nenkonzo ka Tixo. Selilupàu lokufikisa komfana ebudodeni. Ama-Kristu ayalilwa kanye elisiko. Ikakùlu kungenxa yamasiko amabi azimpakatà kulo.

### Inqubo.

Kukòlisa ngokuti kubekò umfana wenkosi mhlaumbi womnumzana otile esixekweni, oti akufika exabisweni lokwaluka 17 or 18 iminyaka bonke abafana abayintanga yake balungiselelwe ukwaluka mini nye naye. Indoda eyonyulelwe ukwenza lomsebenzi yetènjiweyo kanye elicùle eligqibeleleyo. Yamkela inkomo ngomfana omnye emenzileyo.

Ngalo lonke ixesha lentlungu zababafana nabo behleli emapèmpeni—amatònto—kude le nemizi yabantu—ubuso babo buqatywe mhlope. Babonwa futi ngabahambi bezingela intaka ematàfeni nasemahlatini. Emva kwexesha elide besondliwa bekulentlalo kufika imini edume kakùlu.

Ungabi nařatshi, utûnywe ngumntu wonke ukuze utamsanqeleke."

Yakugqiba oku, lomfana unikwa umnqayi ayakuti ngawo akûsele ababutàtàka ezintshabeni zabo.

Kosuka amadoda amabini matàtù okuqukumbèla lentetò ngeziyalo ezingqongqo. Kwenziwa lento kubo bonke abafana ngabanye.

Ipèle ke into ebitètwà, kopûlwe inyama, kuselwe utywala, kuxèntswe kube ngu—Ngaye—ngaye, no Ngewu—ngewu.

Isivatò saba Kwetà, nokusina kwabo zizinto ezitsala ingqondo yendidi zonke zabantu kubelungu nakwabantsundu.

# Amazwi Abeyala Findlalifa.

(NGU YISEKAZI).

## Ipelele Yonke Imilowo.

Nantsi into mntan' omkùluwe wam! Akuhlanga lungehlanga. Utshabile ke umkùluwe wetù. Umntu uyafa naxa 'bongwayo, uyasitèla noxa 'tandwayo, atshonele naxa 'lilelwayo. Umntu asinto izikòtayo enxebeni yinja yodwa ezikòtàyo. Ewe isitya esihle asidleli. Ihambile into ka Bawo—inzwan' enkulu. Tùtùzelekani. Yomelelani nihambè pàkati kwabantu. Uyihlo unishiye nibadala. Intsika yomzi lusapo lomfo wetù kukutàndana. Umnqayi awuna mzi—amazwi omsindo angumnqayi. Ukuhlebana ngumnqayi. Ukufukamela ingqumbo ngumnqayi. Ukuba umntakwenu ukuṙaxe ngelizwi elibi ungalihlangabezi ngobukàli, nobushushu. Pola uzole, uyakubuqonda obo bulumnko ngengomso ube seusiti ndipantse ukupèndula kakubi izolo.

Nditèta lamazwi kuba kukò iqàlo entetwèni yakwa Xòsa eliti: "Umtàti uzala umlotà." Ngumti onexabiso otàndwa ngumntu wonke umtàti, kanti ngaxa limbi kuye kubonwe kuvela kuwo ibunga—umlotà into engento. Ngokunye kutiwa kungafa intaka enkulu amaqanda ayabola. Xa ndilapò ke ndinga abantu bangeze batsho kuni lusapo lomfo wetù. Ningasilahli isimo esihle saba zali benu.

Uyazi wena nyana wam ukuba mna noyihlo besitàndana. Akuko nto ibingeni pàkati kwetù Belingatshoni sixabene. Ukuba ndimonile bendisuka emzini wam ndiye kowakè ndimxòkonxe ngobuncoko ade ahleke, ndandule nam ukonwaba. Naye ebesenza lonto kum xa endonile. Obegqibele sixabene nomkùluwa ubeti epinda ukufika

ukukwezelela ingxabano sibe sesixolelene singamniki tûba. Ibingekô kuti into yokuti wonile ube ulibele kukuti andiyi kumqelisa ngokucela uxolo. Lucele uxolo kumntakwenu nokuba kuyaṙaṙa. Liqinga elikûlu elo lokoyisa, nokuze woyikwe, uhlonelwe utǎndwe. Uyindoda nje namhla uze ufunde ukunyamezela uginye igazi.

Enye into uze uhlale usazi okokubȧ umzi lo asinguwo wakô, ngokayihlo, ngoka nyoko. Into oyiyo wena ulilıso labo. Ungaze wenze nto ungambûngisanga unyoko. Tėtȧ naye kuqala nivane. Yena ulitôngo lakô nelalomzi. Ungaze upǎkamise isandla nelizwi kuye.

Uze ungabambi nqala kwintshaba zika yihlo kodwa uze uzihlangabeze ngobubele.

Lusapo lomkûluwa ningayenzi into yokuhamba nitėtȧ ngomkûluwa wenu. Amahlazo engxabano zenu ningahambi niwaneka ebantwini basemzini. Bayakunga bayanivumela kanti ele kwenu banihleka ubudenge. Izikȧlo zenu nizitėtė kuye ngomoya ozolileyo. Liyakudamba igwebu lakė xa ebona ukutėtȧ kwenu okupolileyo.

1887 Ukufa kuka Mqikela Inkosi yama Mpondo.
1896 U Landipasi.
1897 Yakiwa indlu enkulu yamasinala e Clarkebury.
1899 Ukuqala kwe Mfazwe yama Bůlu.
" Wabůbå ngesaqupe u Rev. T. A. Chalker.
1900 Aba Tèmbů bancedisa u Rulumeni.
1901 U Nogumbe 2nd: Ukubůba kuka Vitoliya.
1902 Inxola Zwe kuma Bůlu—Ngesi.
1903 Umjikelo we Růuneli Sir W. F. Hutchinson.
1904 Ilitye lendlu ye Cawa e Clarkebury.
1905 Ukubůbå kuka Sigcau Inkosi yama Mpondo.
1906 Eka Båmbata nabelungu e Natal.
1910 U Mgca—Halleys Comet.
Ukubůba kuka Edward VII.
Ukubekwa kuka George V.
U Manyano lwama Mpondo e South Africa (31st May).
1911 East Coast Fever: Isikoso.
1914 Intlekele yemfazwe nama Jamani.
1917 Umkosi wemidaka. Ukutshona kwe Mendi (21st Feb.)
U Loliwe e Mtåtå.
1918 Umbatålala. Spanish Influenza.
1919 Ukuxola kwentlekele yama Jamani.
1920 Ukubůba kuka Dalindyebo.
1924 U Hertzog wazitåbatå ezolaulo.
U Jongilizwe watåbatå ubukosi buka Tėmbů.
1925 U Tyelelo lwe Tshawe la Pesheya—Prince of Wales.
" Ingxoxo e Palamente ngokuhlutwa kwe Voti kwaba Ntsundu.
" Ukuqaulwa kolaulo ngu Rulumeni we Pesheya.

